Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, nemibiko irolelwa 2s 6d kupela.

Zingene kanye; 3s 9d kabini; 5s katatu.

IVEKI ZONKE
Lijonge Ilungelo Lomzi

Limele imfanelo yabantsundu ngapandle koloyiko. |
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, TUESDAY, FEBRUARY 5, 1895. [Vol. XI, No. 537

IZAZISO ZAKO

ZISHICILELWA '.'NGE '.'GUNYA.

INTSHUMAYELO.

NGU MULEKAZI U GENERAL
SIR WILLIAM GORDON CAMERON.

Itshawe Elibekekileyo lo Didi oluzuke kunene lwe Bath, Umpati Omkulu opete Imikosi ye Nkosezana kwi Koloni yase Capo of Good Hope, Olaula Umbnso we Koloni, amazwe nezibhaxa zayo, no Mtunywa Omkulu wo Nkosazana, njalo nialo;

NGAMANDLA amngunya endinawo, ndiyashumayela apn, ndisazisa ndihlo- komisa umteto omawuqqalwe kumazwe utile pesha kwe Nciba, kwolakwa Gcaloka, elaba Tembu, ema Mfengwioi, nakwelma Bomvana, e Mbo, ema Mpondweni, e Mzimvnba, nneo Walfisch Bay, ngendlela yokutengisa Utywala kulo Mazwo, ongu Mteto oyakuma umi kuhanjwe ngawo endaweni yo Mteto ochaziweyo kwi Ntshumayelo "lo. 151 wo 1885, No. 165 wo 1885, No. 210 wo 1885, No. 53 wo 1889, No. 40 wo 1892, No. 191 wo 1893, nakwi Ntshumayelo ye Ruluneli kulo lonke elase Mampondweni yombla wa 21 May, 1894 ekuti zonke ezo Ntshumayelo zaguqulwa apangapandle kokuba zibe zipatelele kwiziposo ezenziweyo ngakuyo, ngalimbi nokuba yinqubo eqaliweyo okanye ekhelele ukucikidwa pantsi kweze Ntshumayelo eziguqulweyo kwilizwe ngalinye kula asekankanyiwe, namalunga nemvume ekhoyo zokutengisa i Wayin, i Beer, Nezinye Ezinxilisayo, eziyakuti logama opakati kokuhlokonyiswa kwale Ntshumayelo nokupela kwexesha lwezomvume, ziqulunqwe ngendlela ezenza yona entengisweni eya. veliswa zizo nendleko zabanitiiyo abangati babe kuzo njengokungati ezi Ntshumayelo ziguquliweyo zisenamandla.

2. Imvume (Licences) zokurweba ngo Tywala kulamuzwe ziya kukutshwa yi Nkuia ye Mantyi okweloxesha kwilizwe ngalinye, okanye ngu Mantyi malunga nelase Mzimvubu ne Walfisch Bay, nokuba ngomnye umrulumente ongati alatelwe lonkonzo yi Ruluneli ngokuti amhlokomise kwi *Gazette.* Zonke imvume aolohlobo ziya kupelelwa lixesha ngo 31 December wonyaka ezakutshwa ngawo, kodwa kuyakuvumeleka ukuba ukukupa ezesiqingata sonyaka emva ko 30 June yonke iminyaka.

3. Ngemvume yonyaka engati ikutshwe naninina ngapambi ko 1 July ngonyaka, kuya kuhlaulwa i £10. Ngemvume yenyanga ezi 6 ekutshwa nangalipina ilixa emva ko 30 June ngonyaka, kohlaulwa £5.

4. Ezimvume ziyakuba namagunya okuvumelu intengiso tywala nokuba bungakananina, kwindawo eyoxelwa epepeni elo iemvume, pakati kwentsimbi ye 8 kusasa no 6 wangokuhlwa, yonke imihla ngapandle kosuku Iwe Cawa, Good Friday ne Kresmes ; kodwa ke indawo ezivunyelweyo ezikwa Mantyi, wonke umntu onikwe igunya pantsi kwe Siqendu 2 kuba *avike* imvume angazi. dwabulula eziyure zibaliweyo akuti khaxhe ngo 11 ebusuku pantsi kwemigqaliselo engati ibe yevakalayo ngamatuba abalulekileyo.

5. Utywala abukutengiselwa, kupiwe nga. bo, bunikwe nangubanina ouemvume yolohlobo kumntu ngapandle kokuba anole ipepa elibbalwe ngumantyi lokuba afumane obotywala abufunayo.

6. Akuko tywala buyakutengelwa, kupiwe ngabo, bunikwe nokuba nguwupina umrwebi onepepa nelemvi me kumntu onepepa loku. tenga utywala ngapandle kokuba linikelwe kuye ngenqu, oyakulinikela ekupeleni konyanga-ntatu bonke kumantyi weso eiqingata akuso. Umrwebi ogqite lemigaqo nokuba yeyesiqendu esingapambi kwesi xa afunyenwe enetyala uyakudliwa imali enge- pgapezulu kwa £20 engenawo afakwo entolongweni esebenza mhlaumbi engasebenzi nzima ixesha elingengapezulu kwenyanga ezintatu.

7. Akuko nto ekwi Siqendu 4 sale Ntshumayelo eyakunqanda umrwebi onemvume ukutengela okanye ukunika utywala nangangalipina ixesha ngobungcatu ukuba kuselwe kwalapo, ngabahlala kulomzi nakwabase luhambeni.

8. Akuko tywala buyakusiwa kulamazwe axeliweyo ngapandle kwemvume ebhaliweyo, efunyenwe kwi Nkulu ye Mantyi okanye ku Mantyi we Siqingata eyakubuye ibuyise. iwe kwakuye, lomvume ibhaliweyo iyakuxela ubuninzi nohlobo lotywala pmabungeniswe.

9. Ukuba kuko ogqita esi siqendu sandulela esi angenise kulamazwe utywala ngapandle kwemvume ebhaliweyo, obotywa. la angabuhlutwa ngamapolisa nokuba ngabanikwe amagunya ngemfanelo ngu Mantyi wesi Qingat,aaze xa afunyenwe enetyala yi Mantyi adliwe imali engengapezu kwama £50, engenawo okanye ukongezelela kweso sohlwayo afakwe entolongweni, esebenza inhlaimbi engasebenzi nzima ixa elingenga. pezu konyaka, utywala obo bube lilifa le Nkosaana.

10. Wonke umntu ongati ngokuchaseneyo nale migsqo, atengise, arwebe, adyaraze ngapandle kwepepa Iemvume, umhlaumbi nongati enalo ipepa elo, atengise, okanye anike, okanye adwelisele ukutengisa, nga. limbi arwebe nangandywala zimbi ndaweni zimbi kunaleya wayevunyelwe kuyo ukuba abutengele kuyo utywala, mhlaumbi naxa ate watengisa selipelile ixesha mhlaumb ngokwapula umnqopiso wepepa Iemvume yake obekwe kwi Siqendu 4, xa afunyenwe enetyala ngu Mantyi we Siqiogata one kuso kuso lomntu nya kudlivva imali engengapezu kwama £50 engenawo afakwe entolongweni esebenza mhlaumbi engasebenzi nzima ixesha elingengapezu kwenyanga ezinta- ndatu.

11. Wonke onepepa Jemvume yokutengisa utywala noneye venkile ongagqali imigaqo yala Ntshumayelo uyakuba lilifa, ngokubena nokuqonda komantyi, pezu kwezi zohlwayo zanekiweyo, lokupangwa lomvume yokute ngela utywala nokuba yeyevenkile nokuba zizo zombini, njengokuma komcimbi, kwangokokoko mhlaumbi ngosuku olungamiswa yimantyi axelelwa ukuba akafanelwe kubuye anikwe imvume yokurweba ngo- tywala mhlaumbi ngevenkile mhlaumbi ngezonto zombini, njengokuma kwetyala, kwisituba esingengapezu kweminyaka emihlanu.

12. " Ngotywala " kuqukwa i Wayin, Beer (bhiya) nendywala, nazo zonke iziselo kwi " biya " kuqukwa nobomXhosa

NKOSI SIKELELA UKUMKANIKAZI !

Inikelwe esandleni sam ne Sincamatiselo sa Komkulu ye Koloni yase Cape of Good Hope ngolusuku lwe 25 September 1894.

W. G. CAMERON, Injengele, Itshawe Eiipete Uiaulo.

Ngomyalelo wo Mhlekazi, Itshawe Eiipete Ulaulo e Bhungeni,

J. GORDON SPRIGG. No. 343, 1894.

ISAZISO SAKOMKULU.—No 1273, 1894 *Kwi Sebe Labalimi,*
B Kapa, December 24, 1891.

Umteto we Bhula Ko. 20 ka 1894,

Ummiselo we Tank! zoku Dips

INYAMEKO yonotenga (a) kwizitsili ezipantsi kwentsebenzo yalo miteto ikoyo ye Bhula icelelwa Iziqendu 12 ne 14 zo Mteto No. 20 ka 1894, ezibuye zashicilewa kanjalo ngezautsi apa. Njengokuba lo Mteto Mtsha we Bhula uyakuba namandla kwezi zithili ukususela kumhla

1 KA MARCH, 1895,

onotenga mabazifunele umhlaumbi babenayo i Tanki yokudipa, kwakunye nentlanti ezifunekayo, nezinye izinto ekuqutywa, nekwenziwa ngazo lomsebenzi kwangomhla 1 ka February, 1895.

CHARLES CURREY, Ongapantsi Umbhali kwe Lokuiima.

(a) U Notenga wenjiwenje ukuchazwa sisiqendu 4 so Mteto No. 20 ka 1894 (bona), Unctenga xa kusingiselwe kumhlaba, kutetwa wonke umntu, abadibereyo, abayi ntlsnganiso, i Bhunga, i Bhodi, umhlaumbi i Komponi etcngiselwe umhlaba ihlangene umhlaumbi yahlukahlukile, umhlaumbi imanyene kumhlaba wodlelo, umhlaba abanogcino, noluulo, negunya, mtbapele awupina umhlaba ; eqeshiselweyo notnmi wom-hlaba.

IsiQEkDU 12—Wonke ubani onomhbba ongayikuti, okukancinane koua ibenye inyanga ngapambi kosuku lokokuba lo Mteto ube namandla mayela nalo mhlaba, ube senene tanki yokudipa nentlanti izifune kayo nazo zonke ezinye izinto ekuqutywa nekusetyenzwa ngazo lowomsebenzei ya kuti zivunywe ngu Mhloli weso siqingata sipantsi kwe Felkoet, mhlaumbi walo lali rjengo kungaba njalo, ukuze kuditshwe zonke igusba ezihamba, nezidla mhlaumbi ezigeinwa kulomhlaba, uya kucingelwa ukuba unetyala lokuqqita lomteto, ngapandle kokuba abe lowo notenga angatonisa ukuba umelungelo lokuacbenzisi itanki aokudipa ezaneleyo nezivunyiweyo, nentlnti kwimihlaba enxulumeneyo nowake. Xa kuyakuti kube yinto yomteto kulo Mhloli ngemvumo yomhloli omkulu. Emva kwe saziso eseneleyo ku notenga, ekubeni kogqite imiliso yesi siqendu, yena ngokwake enze ukuba lotanki yokudipa nentlanti ezifunekayo ukuba zimiawe mhla- umbi zifunwe ngeudleko zah notenga ; ezendleko zobizwa nakuyipina igantolo efane-
leyo. Xa kuyakuti ngokunjalo nokokuba ngeqeshiselweyo omakabe ubenyanzeleke ukuba amiee kulo mhlaba uqeshwe nguye itanki yokudipa nentlanti nezinto zokuquba umsobenzi lowo, ukuzalisa ngo kufunekayo iz`nto ezifunwa sesiqendu oyakuti ekupeleni kwexeshana lengqeshiselwa. no yalomhlaba abe nembuyiselo ayifumanayo kumnini wawo abewuqeshe kuye lowo mhlaba ngokwexabiso eyabililo lo tauki yokudipa, nentlanti nezinye izinto.

ISIQENDU 14.—Ihalufa yezondleko Zjkufuna itanki yokudipa nentlauti ezifunekayo zokudipa nakuwupina umhlaba wedlelo unxulumene nayipina idolopu mhlaimbi umzi iya kubhatalwa ngumnini welodlelo, ne halufa yayo iyakupuma imali yakomkulu.

ISAZISO SAKOMKULU—No. 1151, 1894 Unyanzelo Lokubhalwa kwa Ba zelweyo naba Bhubhileyo.

Isaziso ku Bemi Belilizwe.

1. Umteto wo No. 7 ka 1894 uyalela okokuba bonke abazelweyo nababhubhileyo emapandleni elilizwe baya kuxelwa pakati kwenyanga ezintatu kwehlilo oko. (Kwabazelweyo kwindawo eziziqingata ezizipeteyo nakwimizamo ene Bhodi nezithili ekutiwa zizizixeko, mabaxelwe pakati kwe ntsuku ezinga 42 naba Bhubhileyo pakati kwe yure ezi 36 kwehlile oko). Isohlwayo sokungakwenzi oka kumanqaku onke asiyi kuba ngapezu kwo 40/:

2. Abazelweyo naba Bhubhileyo bangaxelwa ngenxa yezindlela zimbini:—1. Ngoma. zisi otile ogunyazisiweyo (kangela isiqendu 4 ne 5) oyakuti abonakale ngenqu yake pambi ko *Nobhala* Opatisiweyo (oyakuba ngumantyi futi) mhlaumbi nokuba ngu mneedisi wo Nobhala Opatisiweyo le *ngapandle,* oyakubonakala pambi kweyona Filkorneti ikufupi mhlaumbi umneedisi wayo, nokuba Lipolisa kuqukwa ama C M.R. mhlaumbi. 2. Ngokubbala ipetshana, (elingahanjiswa ngapandle kwezitampu).

3. Pambi kokuba into ebhaliweyo ihanjiswe njengengxelo ya Bazelweyo naba Bhubhileyo imelwe ukuba ixelwe kumfundisi otile wonqulo mhlaumbi kugqira, mhlaimbi kwi Justice of Peace. Lamapetshana ano. kufunyanwa ngesisa kuzo zonke ezinkosana zixelwe kwisiqendu 2 nokuba kukuwupina umpati wase Post Office.

4. Omnye kwababantu balandelayo makabe nguye owazisa ngabazelweyo:—Uyise, Unina, xa engenjangaujalo lowo mninimzi apo umntwana lowo wazalelwa kona, wonke umntu obeko ekuzalweni kozelweyo nomntu ogciniswe umntwana lowo.

5. Omnye kwababantu balandelayo makabe nguyeowazisa ngaba Bhubhileyo: *Izala. mane esezikulile* zomfi lowo ebeziko ekubhu- bheni, mhlaimbi ebezize kulunguza, mhlai. mbi ebezih'ieli nomfi lowo. Xa bengenja. nganjalo ke konke abantu abebeko ekubhubheni komfi umninindlu apo abhubhele kona, benke abakulu abahlala kulo ndlu nomntu ongewaba lomzimba.

6. Akubizwa mali ngokubhalwa kwa Bazelweyo naba Bhubhileyo.

7. Esi saziso asisingise kwi Netevu ezihlala kwi Lokishi zabantsundu.

8. Kuko amalungiselelo enzelwe ngokuba. lulekileyo Iziqingata Ezizipeteyo, Imizana epe Bhodi nezithili zezixeko, eyakuti mayelana nazo kubuye kukutshwe ezinye izaziso.

HENRY DE SMIDT. Umpatiswa Ongapantsi we Koloni.

ISAZISO SAKOMKULU,—No 1188, 1894. Unyanzelo ngoku Bhalwa Kwazelweyo naba Bhubhileyo.

IMIYALELO YOKUNGCWABA.

ISAZISO KWABEMI E IDOLOPINI,

UKUSUSELA, nasemva komhla wokuqala ka January, 1895, pakati kwemilimandlela yeziqtngata zonke ezizipeteyo, imizana ene Bhodi, umhlaumbi esitile sesixeko esicalulweyo, bonke abazelweyo kwapakati kwentsuku 41 kwehlile oko nabo bonke abazelweyo ababhubhayo nokuqukwa nezisu ezipumayo kwapakati kwe yure 36 kwehlile oko bamelwe ukuba baxelwe kwi nkosana ezimiselwe ukubhala kwi Mantyi njengonobhala opatisiweyo, ngapandle kwasezidolopini apo inkosazana emisiweyo iya kumiselwa ekubeni ngu nobhala opati. siweyo, umhlaumbi umneedisi esixekweni wonobhala opatisiweyo.

Kwinto yokuba kubeko obhubhileyo, ukuba bpkuljo gqira belimhambela isiqiniselo esivela kwelo gqira masiveliswp longxelo yenziwayo.

Isohlwayo sokungatobeli umteto 40/. Bonke abangpwaba umhlaumbi abahambisa inkougo yokungewatywa kwabafilejo mayelana nokuugowatywa kwalomzimba ngapandle komyalelo wokungowaba, umhlaumbi ongakwenziyo ukunika isaziso kwapakati kwe yure 36 zalomngcwabo, ku Nobhala opatisiweyo mhlaumbi kumneedisi ka Nobhala opatisiweyo, umelwe sisohlwayo se £10. HENRY DE SMIDT,
Umpatiswa Ongapantsi we Koloni.

J.NEWING

(Kwa Nyuwin) e QONCE,

KULAPO ninokufumana eyona MPAHLA igqibeleleyo ukuluug'oku nge mali yenu KUZO ZONKE IZINTO.

AKUTENGISWA NCANKUNKUMA.

Yizani kuzibonela IZITYA ZETU —IPLEYITI, IKOMITYI NE SOSA, NJALO-NJALO,
Z I TS H I P U.

ITYALI NE PRINTI

NGAPANDLE *kokuba nitende kwezinye indawo yizani kuzibonela impahla yetu EZITYALI ne PRINTI esand ukufika-*

Eyona Venkile Itshipu nebhetele kwimpahla yoluhlobo kukwa

DYER & DYER, Limited

eQonce

ITYALI ziqala kwi 4/- zise kwi 80/- inye. Ezoboya zipela ezima Cala-Mabini ziqala kwi 10/- inye. " Ezinkulu kakulu zona zevolo ezitna Cala- — Mabini li 15/6 ebezi fanele i 25/-. Akuko nto zingalinganiswa nayo Rule Koloni.

ITYALI zenene zona ezenszwe ngoboya bama xwane, esikanyayo Zensiwe ngohlobo olungazange lubonwe.

I PRINTI EZINTSHA.

IMICAKU ebuhlungu yona namabala amalile 5d. iyadi. Inii- qulu Emikulu ye Frinti, ezibambe ukuba blow (Navy Blue). Ifashoni Ezintsha 6d. iyadi, bezifanolwe kuba yi 9d.

Kwa DYER no DYER, Limited

KING WILLIAMSTOWN.

INDLU yase LONDON,

CAMBRIDGE

INDLU en gal ityal wayo ngempahla yayo ENTLE ILUNGILE kodwa amanani engapantsi. Ngoku, pakati kwempahla ekoyo kubalulwa :—

Iblankete, Ingubo Zamadoda, Iprinti, Ityali, azifani nampahla apa.

Ikeshemiya zamabala onke zeqiya zamanenekazi.

IWATSHA Zamaxesha ezingafuni zitshixo ezilunge kunene nge 116 Izimanga zamaxabiso nge Wotshi ezifezekileyo kanye 15

Ezi Wotshi nempahla zilunyelwa nakuyipina indawo umntu etumele lipepa e Mali lase Posini.

W. LEE & CO KINGWILLILAMSTOWN

W.M.Guthbert &Co BASE QONCE

I Kresmesi Emnandi Kaloku

Tengani IZIHLANGU NOMAQATENI bezi HOLIDE se KRESMESI kwa

W. CUTHBRERT & CO.

Ezamanenekazi Ishuzi Ezitungwayo Zofele ziqala kwi ... 4s.
" Izihlangu " " 5s.
" Izihlangu ne Shuzi ze Kanvas emfusa ne blowu ziqala kwi 4s 6d

ZIHLANGU ZEMITYA (Rope Shoes) IZIHLANGU ZEMITYA.

zipesheli i Felskuni Ezimnyama Zamadoda kwa Nezimfusa nge 5s. 6d-

EYONA VENKILE EZIHLANGU ZOMELELEYO KULE DOLOPU

Cuthbert & Co. Market Square Kingwilliamstown

rl99

Beauchamp,Booth & Co

ITYALI EZINTSHA!

ZISAND' UKUFIKA.

YIZANI.'. NIBONE!

ZIYAKUNIMANGALISA.

Zezentlobo ezigqibeleleyo zofani ngofani ezingazange zibeko apa e QONCE.

Bonke abavela ngapandle bebefanelwe cukuza kubona EZITYALI ZOBUGQI ngapanbi kokuba batenge kwezinye Ivenkile.

BEAUCHAMP, BOOTH&CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

Eka LITTLE IDIPU Yegusha!



Engamanzi ---- ----------

Ayinatyefu!

Nengumgubo Inetyefu, yeyona igqibeleleyo itembeke ngoku. gqite zonke.

TSHIPU IZIGQITA ZONKE AMAGOSA AYO -

DYER & DYER, LIMITED.

Abantu banokucela Ezivenkileni abamelene nazo ukuba zibafanele.

BON MARCHE
JOHN W. BAYES & CO.,
GRAHAMSTOWN.

IVENKILE ENKULU ENTSHA,

(Ene Veranda no Tawa, okoneni ye Batliust Street ne Bala le Tyaliko ka Bishop.)

Yeyona VENKILE ITSHIPU kwimpahla Yendidi zonke—KUMADODA NAKUBAFAZI.

Ifelane, Amabhayi, o Matros Boboya, Ingcawa, Ifurini (Winseys), Ifle- nelana 3rd ngeyadi, Itaweli 3d inye, Izinto Zokugqubutela Ingoawa, Iprinti Ezibukali zama Jamani 6Jd ngeyadi, Ikeshmiya ezi Blanket nezimabalabala, Ityali Ezimnyama Nezimabalabala, Idyasi Zamadoda Ezinzima 10s. 6d., Ibhululwe Zekodi 4s. 9d, Ibhatyi Zekodi 63. Neminqwazi ezi Felt.

Ibluiso Lesheleni hnikwa kwi Ponti ngamje umntu atenge rtgayo.

IZITOFU EZIHLE ZELOKWE ZOKUTSHATA ZIKO KANOOM.

JOHN W. BAYES & CO. BON MARCHE GRAMASTOWN

UKUTYA IMPAHLA
W.A. YOUNG
PEDDIE , ENGQUSHWA

BASOLOKO benempahla eninzi eketiweyo yo PRINTI, IKESHMIYA, ITYALI ne QIYA, njalo nja lo ; nayo yonke IMPAHLA elungele Abantsundu

Ubugoxo be Mpahla Yentsimbi, Impahla Ezikumtye, Ipuluwa, njalo njalo.

Amayeza Ahleli Enziwe (Patent Medicines) entlobo zonke ; oka NOGQALA (Jesse Shaw's) Umpilisi Oqinisekileyo Ekulunyweni Zinyoka.

UBOYA, UKUTYA NE ZIKUMBA NEMFELE {Produce} ZIYATENGWA. ..... K.S.MAGABA.

IPULUWA NAMAGABA

Yonke lempahla ifunyanwa ngamanani ALULA,

IZIHLANGU. INGUBO.

EWISHISHINI LASE QONCE LE NQWELO NE KALI,



R.SYMONS
KWISHISHINI LASE QONCE LE NQWELO NE KALI

UCELA iroba emzini obanzi ontsundu nomhlope ukuvakalisa ukuba unento eninzi yempahla elungiselelweyo ngenyamcko ezi Kali ne Bagi, njalonjalo.

Abafuna ukutenga bangaba benze into yengqondo ukuba baqale ngokunhambela okanye batumela ukubona lempahla ngapambi kokuba babhekise twezinye indawo.

Ihanesi (zehashe elinye nezamabini) nizibepu zekari ngamaxabiso awona te nca pantsi ngoku totywa.

Nabakude bano-kuvisisana naye ngento abazifunayo nale mikondo.

SINGISANI KUYE! ---- BHALELANI KUYE!!

R. SYMONS
BUFFALO WAGON AND CARRIAGE WORKS, KING WILLIAMSTOWN.

KANGELA APA!

KANGELA APA!

O BAKER, BAKER & CO.,
U QONCE.

BATENGISA ZONKE INTLOBO

ZEMPAHLA NENGUBO

NGAMANANI ATOTYIWEYO KAKULU.

I Lokwe Zamatombazana Nabafazi—I Tyali—I bhatyi—I Minqwazi. ----------

I PRINTI—I SATINI—NEMICAKO.

Ezamadoda, Namakwenkwe Izinxibo—I Bhatyi— I Bulukwe—I Minqwazi—I Hempe—I ZB hlandu.

YONKE INTO NGAMANANI ATOTYIWEYO.

o o _____ o o o o o

KWA BAKER, BAKER & CO.
E QONCE-

E CALA.

KUKO ELITYE LOKUSILA,

—NO—

MASHIN BOKUBHULA

ABANINI BALO NGO

HAMBIDGE : NO : MORRIS.

BACELA ukwazisa abalimi bengqolowa nombona okokuba bane Litye elifezekileyo lokusila nokubhula—elino Masbini bababini okubhula, Abacinezela i steel nabantlaka amatye nabalungisa i silika ne ivayari abalungisa ingqolowa bayikete. Kwenziwa umsebenzi wonke.

Wonke Umsebenzi Ufungelwa Ubuhle.

LEMINYAKA I 18

IGQITILETO,

SINGENISE KWELI LIZ WE

IBLANKETE ZOBOYA

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi EXTRA NAVY or MATTROSS

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYO ZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile eniteaga kuzo-ko bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

ZIFAKULWA KOUA TCTTKO

PEACOCK BROS, and WEIR, E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lemifanekiso we Ngonyama

—IFANDESI! IFANDESI ! !—

BANTSUNDU !

Yizani Kubona Izimanga

kwa FOLOKOCO (PASCOE)

KING WILLIAMS TOWN,

ZONKE IMPAHLA ZIYALAHLWA.

ITYALI, IPRINTI, IKELEKO, IFLANELE,
ZONKE INTO.

KAULEZANI

. Kwa FOLOKOCO, E-QONCE

EZIKA KAYE I WORSDELL PILLS
EZIKA KAYE I WORSDELL PILLS
EZIKA KAYE I WORSDELL PILLS
EZIKA KAYE I WOSSDELL PILLS

Zingumalane ku Mnquma, Ukugquma kwe Sisu, Intloko, Ukungahlali
Kokutya kakuhle esiswini, Izifo] ze Zintso nesi Biudi,

Zitengiswa ngaba Fitikezi-Michiza ne Zitora nge Is- lid ngebhokisana.
Abaninilo, JOHN KAYE, LIMITED, LONDON,

Zitengiswa ngu G-. E. COOK, i Kemist, Downing Street, e Qonce

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN



IBLAUZI EZIMABALABALA. EZIZIHEMPE (zinekala ezomeleleyo nezihlahla) 2/6.

GIBBERD NO BRYANT,
KING WILLIAMS TOWN.

DYER-DYER
(LIMITED)

ARE NOW LANDING,

Ex, CHILENA; from London: BOILED LINSEED OIL (Storer's) 1, 2, and 5 gallon RAW „ „ 1 and 5 gallon
A.F. GREASE, " Bell Brand," 7 and 14 lbs.
„ Common, 28 and 56 lbs.
LUMP ALUM, 25 lbs.
PUTTY IN BLADDERS, 224 lbs.
SALTPETRE, 25 lbs.
WASHING SODA, 100 lbs.
STOCKHOLM TAR, 1 gallon
OCHRE, in Beer Barrels, Two Shades
BURNT UMBER, Dry and in Oil
IMPERIAL FRUIT JARS, Two Sizes
COPAL VARNISH, | and 1 gallon
RESIN, 25 and 112 lbs.
RED and WHITE LEAD (Genuine), 56 and 112 lbs.
GALVANISED IRON, 6/10 feet
FALK'S TABLE SALT, 11 lb. packets GUTTERING, RIDGING, PIPING, etc., etc.

_________ALSO—
Ex "CLAIRMONT," from London:
PORTLAND CEMENT, White Brothers
OCHRE, Beer Barrels
BRANDRAM'S SULPHUR, 50, 100, and 200 lb. casks
GALVANIZED IRON, 6 to 10 feet
SULPHURIC ACID, 4/42
GALVANIZED BUCKETS, 10, 11,12,13,14,15, and 16 in.
BOILED OIL (Storer's best), 1 and 2 gallon
TATTOO OIL (Storer's), 1 gallon
TRELLIS, 3, 5, 7, 9, and 11
WIRE NETTING, |, 1, 11, and 2 inch
BAKE POTS, 10, 12, 14, 16, and 18 inch
SOAP POTS, 25, 30, 35, and 40 gallon
BREAD PANS, 8 x 10.10 x 12,12 x 14,16 X 18

We are offering all the above lines at Specially REDUCED RATES "to arrive" and whilst Landing.

TO
DYER & DYER
(LIMITED),
KING WILLIAMS TOWN & EAST LONDON.

Yeka COOPER Inkunqele!

UYAKUYIBULALA INDIMONI !
MLINGENI !

Abantu banokuyaleza kwi Venkile zabo zibhalele kubaniniyo.

PEACOCK BROS, NO WEIR,
E KOMANI,

NGABAKENOK abakulu Bokhwa, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengisa nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba. bahlele benaso.

ISAZISO.

Convent Mission Farm, Izeli, Ezinyoka.

WON KE umntu ofunyenwe eha- mba ngendlela zenyawo ezinga- pakati kocingo lonihlaba walapa e Convent Farm, chamba ngapandle kwe mvumelo yakona, uya kohlwaywa, aokuba zinkomo nazo ngokunjalo.
Convent Farm, Izela.

Intlobo-ntlobo.

ISAZISO.—Bonke abaxasi be Mvo bayaziswa ngokubanzi ukuba u Mr. WM. WELLS, i Accountant ye Mvo, efudukile kwizakiwo ze Library, ngoku isegumbini lomfula wama Yesile, Fleet Street) neso strata abakuso kakade.

JAMES ADAMS,

ISILARA

E QONCE

Ukwazisana kwezihlobo.

Abazelweyo.

NXUSANI.—U Mrs. S. S. Nxusani wase Kimbili, unikwe u NYANA nge 13 January, 1895, e Nqabara, Transkei

Imibiko.

MTAKATI.—Ndiyazisa ukuba u KLAAS MTAKATI, wase sidutyini (St. Mark's) ubhubhe ngo 2 January, 1895. Izihlobo zonke ndizioela ukuba zaneliswe ngulo mbiko. Mna ntombi yake,

SOPHIA MTEMBU.

Imvo Neliso Lomzi

NGOLWESI-BINI, FEB. 5, 1895.

IVEKI.

XA utenga mhlaimbi ubalela kwi venkile ezine zaziso wamsakulilibala ukulikankanya igama le Mvo.—ST.

KANGELANI isaziso sika Mr. Alwinus Bock.

IMPAHLA iyalahlwa kwa Folokoco e Qonce. Qonda ngezaziso.

IZITRATA zase Rini ziqale ukulunyekwa nge gesi ngo 1 February.

INANI labantu abagula yingqakaqa e Rautini ngeveki egqitileyo beli 16.

U MR. JOHN F. WEBB, imantyi yase Tsoreni (Oudtshoorn), neyayike iyimantyi yase Ngqushwa kudala, unyuselwe kweso sihlalo e Monti.

U MR. RHODES uke wanencoko ende nepakati eliyi Nkulu yo Mbuso we Nkosazana (Lord Rosebery) ngolwesi Tatu Iwegqitileyo, wabuya wadla nalo.

INANI labantu elitshone elwandle (North sea) ngeveki egqitileyo nenqanawa yase America eyi Elbe ngokusuka ingqubane nenye, ngamakulu amatatu anabantu abasixenxe.

OBEKE waya e Nxukwebe ngeveki egqitileyo akawuhlanganisi xa ancoma ubuhle bezilimo. Uti lonto ite xaxe nge Xesi lika Kama ukubanjalo. Ukutabatela apo ukusa elwandle akukuhle nonyaka.

IKUMKANI yase Rashiya ibalele ku M. De Stael, oliliso lombuso wake e London, embulela ngempumelelo yake entle yokuqinisa intambo zentlalo yoxolo pakati kwama Rashiya nama Ngesi, ati yinto eyakuba luncedo kumhlaba upela.

INTLAULO yepepa ayinyuswanga kunye nokwandiswa kwalo, kuba bekutenjwe ukuba wonke ongumlesi walo woti enze umgudu oyakuba nesiqamo, ukuba angenise ubupantsi nokuba mnye umntu omtsha wokuhanjelwa yi Mvo NELISO LOMZI.—ST.

ISIMANGA sixelwa e Ncemera, apo ati umntu ngaleveki igqitileyo yenze isitonga csinye isina, intsuku ezintatu kungapunywa pandle, elixa apa e Qonce' eiingekude e Ncemera belitshiza kodwa. Ukubonisa ukuba makube kuko inyaniso kulomntu kubonwe apa ngomlanibo ubanamunzi

KUTIWA ivuso ngempahla ctakatiweyo ipclilc ngoku c Transkei.

LIMAXONGO pakati kwama B'ulu ase rransvaal no Magato.

U RIGHT HON. C. J. RHODES unduluke jesheya ngo Mgqibelo ebuya.

AMA Putukezi abulele abafazi namaloda abamnyama abebc baleka ngebbti.

UMBHALI we Champ Deep Company 3 Johannesburg ubetwe wapangwa £1000 nge Cawa.

U HON. J. X. MERRIMAN, M.L.A., lyakwenzelwa isidlo e Komani ngomso igokuhlwa. Kakade uyakuteta.

IMPI entsundu ingene ngo Mgqibelo) Delagoa Bay, yabulala ama Putukezi 10, ondilele50 ; kutiwa yona ishiye 150. [ngene ngeqinga.

U HON. J. W. SAUER, M.L.A., uhlalele akuya kuteta e Alvani nase Burghers- lorp. Uya kupelekelelwa ngu Mr. lames Molteno, M.L.A,

IrEPA lase Mtata livakalisa ukuba u Mr. Chas. Molteno, ilungulelabaTembu, lihlalel' ukwenza umjikelo welo lonke limnyulayo ayakuhamba ehlangana nomzi.

KUXELWA ezolunye uloyiso Iwama Japan pezu kwama Tshaina e Wei-ha- wei, agxotwe asbiya amawaka amabini efile aka " ntshatshongo." Ama Tshaina atume izigitshimi e Japan ukuba lixolwe.

NGE 31 January, 1895 imantyi yase Dutywa ibinentlanganiso nabantu ne zibonda. Yazise umteto wabafileyo nabazelweyo, nokuba irafu entsha (general Rate) ilindelwe yonke imihla. Izibonda zibulele emva kwebungana zati; kade nakwa Xosa bebebikwa abafi, njalonjalo. Ngerafu zite, zoyiswa kwayile ibiko kakade (Hut Tax), mayitumele imantyi iti, umzi uyakucitakala, lemali abanako ukuyikupa; zati, okunye tina apa akuko ndlela ngapandle kwale inkulu ka Rulumente ehamba impahla arafisayo ngazo kwasekupumeni kwazo ezikepeni nakwczivenkile. Ke bako ababanjwa bokuyilungisa. Zati, tumela nkosi amazwi ctu kubawo u Rulumente, usitandazele.

INDAWO EZISHUNQUKELEYO.

KWINCWADI ezibonakele kwi pepa lakomkulu eliyi *Government Gazette* ngomcimbi wase Glen Grey kubonakala kuko indawo ezishunqukeleyo. Kuko inteto enkulu yokuba u Mhlekazi akayi kucetyi- " swa ukuba awuqetule umteto ' wase Glen Grey "; yaye nelinye eliyi *Cape Argus* liqokela ngelokuvuya, eliti, emva koku kuhlokonyiswa akuko loyiko lokuba lomteto ungapazanyiswa noko ingekadluli iminyaka emibini, ekunokuti ngayo Umhlekazi abenako ukuwuroxisa. Asingezikatazi ngokucinga ukulunga nokungalungi kwenteto ka Lord RIPON kuba kungako utshintsho kwinkundla ya Komkulu, aze omnye umpati angazikangeli izinto njengaye- Ngapandle koko ezizinto sizikangelisa eluhlangeni lupela Iwama Ngesi, ingenguye Umlauli omnye; ngapandle kwamatanda oluhlanga ama Ngesi olna lulungile. Pezu koko, lendawo isakubuye ika ngelwe kwi Bandla le Palamente lase England, apo kuyakuti ukuba kufumaneke ukuba inene u Lord RIPON lifumane lalundulula uhlanga oluntsundu ngapandle kwemfanelo, kubeko inguqulo eyenziwayo. Eyona nto inkulu kuti yinto ebangele ukuba u Lord RIPON entetweni yake apendule ngokunje. Kuba kuyabonakala encwadini ezipambi kwetu ukuba Umpatiswa-Koloni akafumananga wafikelela kwesisigqibo ngapandle kwempikiswano enkulu. Siyiqonda kakuhle lonto kwezinteto zishicilelweyo. U Lord RIPON uzenza umntu ongabanga nanto yokuyibeka pambi komzi, ngapandle kwencwadi ayitunyelwe Ngababuzeli Babantsundu kunye nempendulo yayo. Kodwa into csiyifumana emlonyeni ka Sir G. SPRIGG kanye, kukuba u Rulumeni wase Kapa wasipelekezelela isicelo sokuqala sabuntsundu ngenewadi ebukali, ukubonisa ukuba angawuroxisa lomteto. Kodwa kubonakala ukuba lonto ayincedanga nto, kodwa izilauli zase Kapa kubonakala ukuba zite emva koko zenza inewadi ezininzi zenkohliso; kuba pezu kwezinteto zilukuni kangaka, umteto wase Glen Grey awutunyelwanga nalemiteto isusela kuyise ku 24, naku 26 ise ku 39, le Umpatiswa Koloni abhale nge 26 ka November ukuba ayisakuroxiswa. Ngeloxa ke umteto wase Glen Grey wawusemgcipekweni wokuroxiswa, kwada kwayi 27 ka December, ixesha le nyanga yonke, avakalise u Lord RIPON ukuba imitandazo yabantsundu ngalomteto yanekwe pambi ko Mntan' Omhle oyamkele ngobubele, kodwa yena (Lord RIPON) akabanga nakunika iuebo lokuba senziwe isicelo sayo. Kakade masibe isitunzi sika i Mr. RHODES, kunye nencwadi zezilauli zase Koloni, ke zenza ibandezi ukuba into yokungqunyuzwa komteto ingenziwa. Into yona icacile ukuba ukungaroxiswa kwalomteto kusekwe pezu kwedinga. Oko kubonakala ngokuti u Mr. RHODES alate kulanteto eyayenze into eninzi yabachasi ukuba bavotele ukupinda ukufundwa kwawo e Bandla—nakuba wona amalungu angafumane akohliswo (o Messrs. C. MOLTENO, HAY no TAMPLIN) anqibikayo; u Mr. HAY wasixela kakuhle isizatu sokunga wuvoteli, ngokuti elixa akulungiseleleyo ukuyivotela inteto ka Mr. RHODES, yona i Bhili, akanako. Akunamsebenzi ngoko ukwalatisa kuka Lord RIPON Ababuzeli Babantsundu kulonteto kuba makabe uyazi ukuba lomteto awungqinelani nalonteto konkena.

UKUMA KWE "MVO."

AYAKUKUMBULA abalese- shi beta ukuba site mhla ealandisa elipepa, songezelele indleko kwinto ebiyiyo; kanti ke asiyongezelelanga imali. Ukwenjenjalo sibe sitembe amanene namanenekazi akowetu ukuba angati enze umbulelo ngento esiyenzileyo, asifunele abatabati abatsha kumz' omninzi osangqengele kude. Siva ububi ke namhla ukuti noko bazamileyo abambalwa—esibabulelayo kunene ngomzamo wabo—uluntu olunye luzihlalele kongqele aluyihoyanga lo ndawo. Ke ngoku sikwisixaki sokuba sizongezelelele indleko emsebenzini, kwaye kungoko mbuyiselo. Into zimbini ke ezipambi kwetu ngoku:—(1) Kuko ukuba masibuye umva siqube ngepepa elingapantsi kweli ngexabiso le 3/6 nge kwata; (2) yaye iko nendawo yokuba siqube ngelipepa libanzi ze umvuzo we kwata siwuqinisele kwi 4/. Okanye umzi otata IMVO NELISO LOMZI maume ngenyawo, ngokwenteto yombhaleli u " 0. P." ekwelinye icala—" uxokozele," " u pitizele " ngendawo yabasiyekeleyo kubunzima esizifake kubo ngenx' enokutanda uhlanga Iwakowetu. Lendawo siyibeka engxoxweni.

IMPAWANA.

I^wakoqa Ngenpiwo.

Sicelwa ukuba siluugise isiposo esingene kwingxelo yemviwo kwelepelileyo. U Edward Mbangeni—ekutiwa ngemposiso ngowase Ngqamakwe—ngomnye wabafana abahlanu abapumeleleyo besikolo sas^ Mtata, bekungene kona isitandatu. Sivuya no Canon Goodwin ngempumelelo entle yekbaba lake. Omnye umzi esi-mya r.awo—kuba ube ungakolisi kupumelelisa bantu kwezimviwo pambi ko 1890—ngowase Mtwaku. Bebebabini abebengene kona kwapumelela mnye.

Ii

Iqtlola zase Hlambeli.

Sike sadibana nenye yauiadoda abeye kwelaba Hlambeli ngetuba lomhlaba okoyo obumana uvakala ukuba uko kwelocala. Lomhlaba afumene ungowenkosi zakona, ekubonakala ukuba aziwubandezile ; koko abelungu —Iruluneli yakona ngenqu —iti inkosi mazingapi bani uvela kweli kuba abantu belilizwe bangamasela. Azipendulwa inkosi zakuti, nina bamblope ningumxube nje—kuko Ibhulu, Ingesi, Ijamani, njalonjalo—kutenina. Siva ukuba impi yase Transkei ehlaliswe kakubi nguruteto ka Mr. Rhodes seke yayakungqubeka kwelozwe.

AMANANI EZINTO.

NGEVEKI EGQITILEYO.

IMARIKE YASE QONCE.—Inyama yenkomo Id no 4d, oyeguaha 3|d ne 5d, eye hangu 2id ne 3Jd ngeponti; Ibhotolo 7d ne 1/4 ngeponti ; Amaqanda 10d ne 1/3 ngedaZini; Ihabile 2/10 ne 3/11 ngekulti leponti; Itapile 1/ ne 8/6 ngekuin leponti; Umbona 6/ ne 6/7 ngekulu leponti; Irasi 5/ ne 6/ ngengxowa; Inkuku 5d ne lOd inye; Ilamuni 4/10 nge 100; Amatanga 1/7 ngedazini; Amatswele 6/ ngekulu leponti ; Inkani 7/ ne 22/ ngeflara.

Emva kwe malike ngo Mgqibelo kutengiswe lempahla ilandelayo :—Imazi Zenkomo £3 10/, £4 5/, £2 15/, £3 10/, Amatokazi £2 8/, £1 15/6, £2 12/, £3 7/6, Inkunzana £1 12/, Inkabi £3 8/, Inkabi Ezintandatu £5 inye, Amahashe £5 10/, £7 10/, 17/6, £5 10/.

—o—

IMARIKE YASE RINI. — Ngo Mgqibelo, 2 February I apile 1/ ne 3/ nge 100; Irasi 8/ ne 8/9 ngengxowa; Ibhotolo 1/ ne 1/9 ngeponti ; Isemile 4/6 ngengxowa ; Izikumba zenkomo ezomileyo 3d ngeponti; Amadada 1/9 ne 2/ lilinye; Amaqanda 1/ ne 1/8 ngedazini ; Ihabile 3/ ne 4/6 ngekulu le zitungu ; Inkuku 1/ ne 1/8 inye; Inkuni 15/ ne 30/ ngeflara; Umbona oluhlaza 6d ne 1/ngedazini; Ubusi 1/2 ngebhotile; Ama. zimba 15/ ngengxowa ; llamnni 4/nge 100; Umbona 15/ ne 15/9 ngengxowa ; Intshatsho. ba 6d ne 1/ ngedazini; Amatanga 3/ ne 5/3 ngedazini; Itapile 4/ ne 5/6 nge 100 leponti; Ipesi 1/ ne 3/ ngebaskiti, 2/ ne 5/6 nge 100 ; Inyama yehagu 4|d ne 5d ngeponti; Ivatala 3/'no 6/9 nge 12.

" TATALAHOI ITWASIL' INYANGA."—Bati abetu lonyanga intsha itwase ngendlela etembisayo mayelana nemvula — iyawaka amanzi.

UMKATAZI WAKCDALA.—U Mr. Munnik opatiswe ngama Bhulu ase Transvaal umsebenzi wokuvelola imingxuma, ute kwintetc ako wayeuza ukubiwa kwegolide nengozi emingxunyeni ibangwa luselo, waye csiti, u Rulumeni makomelezele ukuquba imiteto ayenzileyo.

RILAULI E FRANCE.—Knmiswe abalauli abatsha e France, njengokuba kupume abebougauyelwe ngu M. Dupuy. Ngoku Umoogameli omkulu ngu M. Felix Faure; Inkulu yabalauli ngu M. Bibout; opetc imbalelwsuo namanye amakopikulu, M, Hanstaux; opatiswe i Koloni, M. Chantemps.

INQUBO YELIZWI.

.------------------

Isinodi za ma Wesile

EYASE QUEENSTOWN.

January 17.

EYABAFUNDTSI BEDIBENE NAMAGOSA.

Eyabafundisi kunye namagosa ingene ngentsimbi ye 9. Atnagosa abeko ebevela kwezi Sakiti: *Queenstown* John Mlungwana ; *Buryhersdorp* Azanil Motsuening; *Bensonvale* A. Molopo; *Wittcbcrgen* J. Gondwana; *Kamastonc* J. Sishuba; *Mount Coke* M. Lalendle; *Tamara* S. H. Mnyanda; *East London* P. Antoni; *Meplan* S. Makiwane ; *Wodehouse Forests J.* Ntanta no Andrew Jama; *Tsomo* J. Bingwa; *Butterworth* H. Mazamisa; *King Williams Town J.* Tengo Jabavu. Akallkanga awase Mount Arthur, Lesseyton no Cala. Emva kokuba amagosa engene kufundwe

INGXELO ZOMSEBENZI.

Urnongameli ute ezingxelo azifuneki zichazile ekushicilelweni, ngekutatwa intloko zomsebenzi wesiqingata sonke.

U Mr. Gundwana ukalazele indawo yokuba ingxelo Zenqubo ye Lizwi zibe ngenteto yesi Ngesi. Walata ubungxwelera obukoyo kwelabo lase Gqili ngelituba, bayo abantu benga bangayiva inqubo ngenteto yabo.

U Mr. Tengo-Jabavu ute umpangele umhlobo wake ngalendawo. Ainangesi aligendwana kodwa ebu Ramenteni; indibilili yomzi ngabantsundu. Akayiqondi ke into yokuba ingxelo zishicilelelwe abambalwa, babe abaninzi besemnyameni.

Urnongameli ute ingankulu indleko yokuyidwelisa iminikelo ngesi Xhosa.

. U Mr. Tengo-Jabavu ute yeyona nto ingenandleko konkena kuba ekushicilelweni kwengxelo kunokusuke sekusenziwa into enye ngoluluhlu Iweminikelo oluya kubotshwa nolwengxelo ye Sixhosa. Njengokuba ama Ngesi efuna intloko zehambiso zomsebenzi we Siqingata sonke, ngelesenzelwa lonto, ze ingxelo ezizeleyo zenziwe ngesi Xhosa; into ezirolwe ngabantu ziqutywe ngoluhlolbo zihamba ngalo.

Imane ukuba namanqaku ango Mteto wase Glen Grey. Emva kokuleswa kwe ngxelo intlanganiso ivumelene ukuba i Conference mayicelwe ukuba ingxelo zomsebenzi mazibhalwe nge Sixosa, Lendawo yamkelwa ngamoya mnye.

AMANANI

amalungu abonise 10,006; abafudukileyo 155, ababhubhileyo 120, abapumileyo 322, abazalisiweyo 1147. Isakiti engabonisanga kwanda yeyase Tsomo, ebonise ukuncipa kwa 81.

ISINCOKO ESINGOMSEBENZI

we Nkosi sibe namanqaku okucingisa I umzi kakulu. Umsebenzi wezikolo ze [5] Cawa usingatwe ngu Rev. Janies M. Dwane. Singene kukungena kwemisebenzi yobuhedeni ebiyekiwe enje ngomakazi nezinye izinto. Yamnandi ingxoxo, yafika yadulusela ekuboniseni ukuba into ebonakala ukuba iyakuba liyeza kukuba njenge ramente sibuyele emandleni ase Moyeni, ekungeko nto, namteto, oyakweNza ukuba ipele lento. U Mr. Jabavu wabongoza kakulu ukuba umzi obafundisi nomaramente manzamele ukuba kuvnseleleke umsebenzi ka Tixo, zonke ezizinto ziya kuba lula. Uxhaswe kunene ngo Messrs. Gundwana no Bingwa. I Chairman isiqu- kumbele esi sincoko esizukileyo ngebali leciko lase America, u Joseph Cook,] wase Boston, oti uti ukuzo uqondwe | umsebenzi wongqobhoko uqondwa kwisizukulwana sesitatu ukuba unguwo, kungekuso esokuqala, nesesibini, kodwa kwesesitatu. Wabonisa ukuba kukona ke ugoku apa e Africa kufikwe kwelona xesha lizakubonisa into oluyiyo olwama Africa ugqobhoko. Wayaleza kunene ukuba inakutaudazwe, kade kutetwa, izinto zonke ziyakulunga. Ukankanye nokuba u Tela (Bishop W. Taylor) uyeza.

IMIDA YE SEKITI

I Lesseyton icele ukwabelwa e Vaal Bank, Zwaartwater no Mkapusi, Qoqodala, abavutnayo 11, abangavumiyo 12. Waba ke umzi wakwa Bangindlala uyasinda emaxwilini.

IMALI ZEZIQINGATA.

Kungene ingxelwana yemali, kwabalule ka ngenqubo entle i Qonce ne Fort Malan-

IMICIMBI YE BONA

ingenwe ngo 5, kwakuhle kwakubi kwe zinye indawo; ngati iyakuba ngapantsi kweyanyakenye yakuqukwa.

Kumbuzo wokuba zikona kuzo zonke indawo Ikomiti ezisingete imicimbi ye Rona yodwa, Kupendulwe ngelokuba aziko; kwezinye indawo kuqutywa ngo Nyangantatu,

U Mr. Tengo-Jabavu undulule indawo yokuba lentlanganiso iyaleza ukuba zimiswo. Lininzi ikaba nabanye abange- bashumayeli nabakokeli abangatanda benento abancedisa ngayo emsebenzini ka Tixo eziqingateni; kodwa yonke into iqoqoshelwe kuba Kokeli. (Jie, ke). Ikomiti zika Rona mazenziwe kuzo zonke isakiti zibe nababhali bazo abapapamileyo. Ngoku lomsebenzi kakukumbuza ngo rona uxomekeke kubafundisi bodwa, abati bakuwulibala ngetuba lemisebenzi abanayo ube ufi'e.

U Mr. Hendrick Mazamisa usekele, wati ngezizinto bona basemnyaineni kwa Gcaleka, ayaqala ngoku ukuvuleka amehlo,

Lendawo yamkelwe yintlanganiso ukuba iquty we.

IZIKULA.

Kwaziswe ainanani entsapo engena kwi zikolo zetu nakwezeCawa. Lengxelo ivuyiso kunene intlanganiso ukubona- kala ukwanda kwezikula kwanainanani entsapo ezizingenayo.

U Rev. J. M. Dwane undulule ingxoxo engobulwelwe obukoyo kwizikolo zabantsundu ze Cawa ate abantu bakowabo abantsundu bayavuma ukwenza zonke ezinyo izinto eziyintsebenzo kwisitiya sika Tixo ngapandle kokufundisana. Lendawo yayipauleke kwakunyaka ogqi- tileyo,

O Revs. C. K. Hodges, C, S. Lucas, J. Conjwa, J. S. Dlakiya, no Messrs. J. Tengo-Jabavu, J, Gundwana batate inxa- xheba kule ngxoxo, yapetwa ngecebo lika Mr. Tengo-Jabavu lokokuba kubeko le komiti eyobhalelana icebisane ngalo mcitnbi yenze amacebo okuvelela lendawo ize yazise kulentlanganiso kunyaka ozayo ebengo Revs. J. M. Dwane, C. K. Hodges, E. Magaba, no Mr. J. T. Jabavu.

ISIKULA SOMZI (PUBLIC SCHOOL).

U Rev. J. M. Dwane ungenise indawo yesikula sase Seplan (Public School) ese- sine xesha saziwe emzini. Wazise ama- bakala abasebe watatile bona Komiti. Lengxelo itakazelwe kakulu kwaye ku- sitiwa yintlanganiso ayinakwenza nto kulotncimbi usisikula somzi. Yatakaze- la kakulu intlanganiso yayisiti sanga singapumelela, Makasiqubeke sime,

IZAKIWO EZITSHA N0KWANDISA.

Indawo ngendawo zicele imvume yokwaka indlu ze Tyalike, ekupauleke ukuvunyelwa kwesicelo se Btndla lase Qonce ukuba landise lihlaziye indlu yokudumisa u Taya (Tixo). Yavunyelwa londawo.

ABANTWANA BABAFUNDISI NEZIKULA.

Kucelelwe imvume yokuya kwabantwana esikuleni babazalwana Revs. S. Mzamo, Clarkebury ; S. Mvambo, Aylifl' Institution, Peddie. Yanikwa.

UNCEDO KWINGXOWA YENXWALEKO.

O Revs. J. Lwana no J. Skosana bakankanyiwe malunga nalendawo benzelwa intobobabini kwano Revs. M. Malunga no D. Matsipe kwinxwaleko zemikuhlane nezokubhubha kwentsapo yabo. Nabo benzelwa into kulongxowa.

UBUTEMPILE (TEMPERANCE).

Kucelwe unobhala welisebe ukuba afunde ingxelo yamanani akulomgca abemelwe ukuba atunyelwe yimizi ngemizi. Ibe mibini qa imizi etumele ingxelo—ekute emva kwengxoxo ende kwavunyelwana ukuba onke amanani
. ase zinewadini ze Remente akwelo nani labazili.

IGQUGULA LOKWABA ABAFUNDISI.

Kunyulwe oyakumela i District (isiqingata) kwi Gqugula lokuva abafundisi. Ibe ngu Rev. R. Lamplough oyakutata indawo yake, ete waxakeka ngu Rev. J. S. Dlakiya.

ISINCOKO ESINGOMSEBENZI KA TIXO.

Pambi kokungena kulendawo i Archdeacon yaso Komani ite, lentlanganiso mayiniko incazelo ongemitshato ukuba kulungile na ukuba abafundisi babatshatise abantwana abeza kutshata ngapandle kwemvume yabazali noko basexabisweni ngomteto wase mlungwini? Ivumelene intlanganiso ukuba akuko ndlela yokuyi- tintela lendawo kuba ingumteto, noko ke abafundisi mabalinge ukungayikutazi. Yayisitsho isiti, kuluuge ngapezulu ukuba batshate kunoshweshwano.

UMVUZO WABAFUNDISI.

Kuvunyelwene ukuba umvuzo womfundisi ojjaleyo uqale kwi £80, owomlingwa £60.

Ubemhle kanye umoya wama Gosa kulo tncimbi kuba kuko nabebesiti mayibe H £100 kumfundisi ozeleyo.

UMBULELO KWI CHAIRMAN.

Lomcimbi avakaliawe yintlanganiso nganiazwi abuhlungu kuba kuko intetwana ngati i Chairman iiimisel' ukuroxa kwisihlalo sayo.

Ibe moya innye intlanganiso ukuba iya moela ukuba aluroxise oluluvo asigeine isihlalo ngexa asenamandla. Upendule ngabukali wakusingiswa kuye lombulelo esiti uluvo olu okwenene uualo kodwa pezu kwamazwi eutlanganiso angaka akasakuba sazimisela kulo. Ute lentlanganiso ibe yenye yezimnani kunene, ibe nomoya omhle kakulu.

IRONASKAPU.

Iqutywo ngokuhlwa ingu Mr. Hendrick , Mazamisa esihlalweni Abafundisi abatetileyo ngo Rtvs. J. Mshooga, A. Mabuia, S. Mzamo, P. Muinda. Iqosheliswe intlanganiso ebusuku seyi £18 10/ imali ekoyo kunye nezitembiso. Kuhle kanye ke. Ipelile entlangauiso enamagosa ngolwesi Hlanu. . Ibuye yadibana eyabafundisi bodwa kusasa i ngo Mgqibelo.

UKWABIWA KWABAFUNDISI.

Rev. E. Gedye wase Mkangiso aye e Bensonvale, owakona u Rev. Wesley Hurt eze e Mkangiso. 1 Butterworth, Cala, ne East London ziyakwabelwa yi Nkomta. O Revs. W. J. Hacker, J. 8. Dlakiya, no E. Magaba, bayakwabiwa yi Nko.ufa.

AMAVA KA REV. W. J. HACKER NGE GCUWA.

Lite elicebo naxenikweni bes-didlulelwe lixesha yangena ukuba mayibe pantsi kwabongameli ababini, nokokuba kubeko i Circuit ezinuini ezougezelelweyo ezifuna abafundisi abantsundu. Lamkelwa elooebo.

INGXELO.

Kufundwe ingxelo yentlangauiso yonke yamkelwa.

IMIBULELO.

Kuvakaliswe imibulelo ku bafundisi bomzi Revs. G. A. Theobald DO J. S. Dlakiya ngamalungiselelo amahle nawonwabise kunene amalungu entlanganise. Nakwizihlobo ezigoine abafundisi nama Gosa zenzelwe omnye ambulelo, kwayeke kuvakaliswa ulonwabo nokuewayita abakufumeneyo emakayeni abebekuwo. Yavalwa intlanganiso ngeculo nomtandazo.

EYASE TRANSVAAL.

Intlanganiso yabafundisi base Wesile e Transvaal ihlangene apa e Johannesburg nonyaka nje. Baqale ukuhlangana 13 January. Bekuhlangene amakosikazi ase Wesile e Johannesburg, ahlanganisa imali enza isidlo esikulu kakulu, eseNzela abafundisi nabashutnayeli, bahlangaNa etyalikeni yase lokeshini ngo 7 wangokuhlwa nge 25 January, Esidlweni eso inani labafundisi nali: abantsundu 12, abamhlope 2, abashumayeli 19, amakosikazi abeko esidlweni 12. U Rev. F. J, Briscoe wavula ngombulelo omhle kwamnandi kakulu, akngqiba u Mr. Briscoe ucele u Rev, T H Wainman ukuba abulele atnakosikazi ngento ayenziloyo. Wesuka lomfo wenza amazwi amnandi kunene, yaduma indlu ngentlokoma yezandla; wapinda wancoma ubuhle bomsebenzi watnaledi adla Dgokuwenza emadodeni kuhle. (Kwadunywa, kwahlekwa). Kwesuka u Mr. Briscoe wateta ngamazwi arnandi naye, wagqiba ngokncela u Mrs, H. Ntsiko ukuba atetele amakosikazi kwagqitywa ngo "Nkosi yam." Nanga ainagama: H. Ntsiko, Motlaupeng, S. Gqosho, nabanye abafundisi ; abashumayeli, W. G. Mashalaba, T. Gunuza, T. Sottonga nabanye.

Ubizo Lwabasebenzi.

Kuvakala ukuba mufundisi oyakutabata indawo yobuncedisi e Qonce esikundleni sika Mr, Cyril Wyche kweyase Tshetshi iinvaba, ngu Rev, R. J. Mullins, M.A., unyana ka Canon Mullins wase Rini.

Isinodi yama Wesile ase Transvaal imfudusile u Rev. F. J. Briscoe obengumongatneli womsebenzi wabantsundu e Johannesburg. Yamisa u Rev, G, Lowe kulowo msebenzi. Nabesebe lama Ngesi babiwe kunene. Iyakuba ngu Rev. W. Hudson omkulu mufundisi kwabaya kuhlala e Johannesburg, obekona u Rev. R. F. Applebe usiwe e Mafoking.

Ubel\o Lwelitye e Zastron, O.F.S.

Ibenkulu i Sabata ya 27 ku January e Zastron, Orange Free State, kuba ibingumhla wokubekwa kwelitye legumbi le tyalike yabantsundu ye Primitive Methodist. Abafundisi abebeko ingo Revs. G. E. Butt wase Aliwal North, no W. N. Somngesi wase Rouxville. Inkonzo yakusasa ngo 11 a.m. iqutywe ngu Mr. Butt amazwi ewatabata ku Genesise xxviii. 17 : " Le asi nokuba yindlu ka Tixo, kanjalo lisango le zulu." Kweyokmuka komhla inkonzo inteto ziwe kubafundisi bobabini, kule inkonzo kupauleke umoya omhle ofanele kubulelwa wokubako kwabakokeli betyalike yama Bhulu nabatnhlope balapa, kuba kweli asinto yandileyo ukudibana kwama Bhulu nabantsundu ngapandle kokumelwa kude kuzokupu- lapulwa ukuvuma kwe " scbepselen." Namhla bate xa kurolwa imali barola nabo, kwabonakala ukuba abaze kubona ingcongolo izanyazanyiswa ngumoya. Ekute emva kokubekwa kwelitye ngu Mr. Butt banikela iminikelo ete noko beberola kancinane ngenxa yentswelo zelixesha yenyuswa bubuuinzi babantu abanikeleyo. Yabake iinali engeneyo ngalotnhla nezitembiso yi £6 14s. 3d., na ma 22 egusba nebokwe eyakungena kwi mali ebiseliko kade eyi £117 esitemba ukuba yovulwa ingenatyala ekupeleni kwayo.

Ibala Lahadlali.

Owase Kimberley uti ukubalisa ngeze bhola kona : —

U NCA NGENTSIKA NE DUKE KA MVAMBO.

DEAR MHLELI WE MVO,—Mayelana nenteto yombhaleli wako olapa kwclembokotwe kunyaka odluleyo, i Duke ayikukatazanga ngokufaka ingxelo z ikudlala kwayo; ke andiyincomi ngento eseyidlule xa nditi, yatshatshel' apa. Nditi inteto yogxeko ka " Ncangentsika " ekwi Mvo yo 14 November uknxweba kwayo kunjengokusuka e Bhaku. bha usiya e Latakisa, ilizwe elikoma ongezo ufumane manzi, ukungabiko kwenyaniso. Inteto ekoyo kukuba sonke ezizinyeliso viko nje kungokuba nyakamnye xa kwakumiswa i "Eccentric" eyayitembisa ngemihlali, inxenye yeqela le Duke lahendeka lamadela u " Ncangentsika," eyati kwa oko i " Eccentric " yadliwa njalo yi Dake nge innings ; i match osis xenxe. *Good old Duke !!*

Sendiyakuti ndibete entloko mayelana nokuvula kwe Duke of Wellington C.C. Amagosa ayo alo season siyipeteyo emi ngoluhlobo: President, J. Moss ; Captain, H. H. G. Mzini; Vice-Captain, S. W. Gusha; Secretary, G Polisa ; Treasurer, E. Ngosi.

Ivuliwe i season i Duke idlale i match ezintandatu, ete. yancomeka ngokoyisa zonke. Injalo i Duke ka Mvambo, ayiva apa. Good old Duke !!

Nge Kresmesi washukuma umzi welembokotwe ngokuva kusitiwa kuya kudibana i " Duke" ne " Eccentric " e gaiden edolopini, ekwati kwakusasa umlisela wezilungi. selela, ate amaledi ahlulelana kwango uniform. Umzi wati, ko namhla knyakulwa a Mvambo no Msikinya. Iqalo kanyo ngo 11 o'clock kute cwaka : ekwati yabangenisa i Duke, ete yenjenje i Eccentric : —

First and Second Innings —S Crutse b Small 1, stpd Mzini 15 ; S Mokwona b Small 0, b Mzini 1 ; I Mbeile b do8, b Mondel 13 ; G H Sepuru (Capt) b Mzini 15 b Mzini 1; J Jacobs b Small 0, stpd Mzini 8 ; D Binase stnd Mondel 6, b Mondel 4; H Msikinya 18, c & b Mondel 18, c & b Mzini 1; K Mtshakaci run out 0, b do 0; J September not out 0, b do 1; J Sikili b Mondel 29, b Mondel 2; G Nathau c & b do 0, not out 0; Extras 12. 0.—Grand Total 136.

Duko First Innings.—J Small c Mbeile 8, P De Brain b Crutse 5, H G Mzini (Capt) b Sepuru 15, D Moudol b do 20, C Mondel c & b do 12, J P Mshweshwe not out 34, yatyalana b Msikinya 19, Gusha b September 1, Tana b do 14, Mhlahlela b Sepuru 1, W Mpupa b do 0; Extras 13.—Total 142.

KOMANI,—1 Beziyawa qubisene iklasi zase Komani ngolwesi Tatu emva kwedinala, 16 kwefiloyo. Kwaya kwati zadibana kwakanya kwibhola zika Fobe, W. K., azaqeloka zisiko zize zimbini endodeni. Qwalasela ngapantsi ubone, Kute kona kwakungena i Pioneer C.C. kwabonakala ukuba ixego Belizele umaludo lema uqwakaqwaka—u msengana mfondini, undilele wase Zilaudala. Tyu beta, hai ukuba kuhle ukamanyala kwabazalanayo. Molo Sea Gall. 2 Sea Juli nseko lamtika wandipa nge Tumente e Ziland na nakubeni besiti apa ku Komani igusinga mtika, nam sendiza kawunika cwezintokszi zihlala ngati evasiui ziwuvase tukona zoke zindiyeke. Bnfondini safa zi vashihameni emlanjeni, zisimise ngentloko. limanga, senzeai bafendiui ? Mawo Nozinto! ndisakuko ndijike omnye ilunga ont.amo. Xakalashe vuka, safa, teta naba 'azi bayeke tina, asiyo sepa yase Komani. Feka gxe .e Gobisongololo wafa, alamastara.

KOMANI C C.—A Hlahle b Fobe 3, J Ngcenge b Fobe 0, Moses b Mpahlele 0, Msengana b Fobe 15, Gqiba c Fobe b Mpahlele 2, R Xolimbila nor, out 9, Datamba b Fobe, Sotatilo b Fobe 1. Aaarns b Fobe 5, Lata b Fobe 7, Mpaki o Fobe b Mpahlele 3. Extras 10, Total 55.

-x-

PIONEER C.C.—Fobe run out 29, Sixisho b Haarns 2, Baca b Msengana 24, Mpahlele h Msengana 0, Kaka b Msengana 0, Tiya b Meengana 0, Hlati not out 6 Sixishe not out 4, S-Smith Vusalo, Mayana, Menera,—to bat. Extras 7, Total 72.

Ncama Komani kule season ngamadoda lento ise Pioneer.

E QONCE : Nge 26 January kwakaqubise. ne i Buffalo C C. ne Frontier C.C. ngaku Symon's emblabeni ombi kunene, ekwabo. nakala uknba amadoda aza kwapaka ingalo aqekeke intloko. Kwaqala i Buffs zenza 68, u Barnabas egongqozele a 22 kakuhle noko eyekwe kabini, eka Ngxoweni i 12 yayimsalwa, ingenjalo eka Lotsha i 14.

Yangena i Frontier Lapela ixesha yenze 34 for 5 wickets, ingu Xiniwe no Basi abese bengene kamanaui amabini, ayagqitywa ke (draw) ikwisituba esipakati kungeko cala Jinotakazelo ugokama kwamanani ne game.

Buffalo 0.0.—Jeffrey Menze b Magabela 6, Ncowa runout 1, Mdaba b Bopi4, Barna- bas run out 22, Menze c Makula b Bopi 4, Dycsi b Bopi 0, Ngxoweni b Bopi 12, Lotsha b Magabela 14. Mbaqa b Bopi 0, Tintsila b Magabela 0, Kwankwa not oat 0, extras 5, Total 68.

Frontier 0.0.—Xiniwe b Barnabas 14, Lwana b Jer Menze 0, Bopi b Jeff Menze 3, Busi b do 10, Kido not out 4, Magabela not out 1, Matayo b Barnabas 0, Ntshona, Makula, Mpu, Mzuza. to bat, extras 2, Total 34 for 5 wickets. Drawn game.

S.

IZILUMKO EZITATO ZASE NQUSHWA

(OOM PAUL.)

Lamazwi nga.wezilumko ezitatu Ngqushwa nge Mvo ;—

NO. I.

Umbuzi ku No. 1:—Uyayitabatana IMVO mhlobo ?

U No. 1Hai.

Imbangi yintoni?

Hai noko into yile, IMVO ayizixeli kakuhle izinto, idla ngokuzixela sezidlulile.

Umbuzi: Hai kaloku, ukutengiswa kwemihlaba kuxelwa kuseza; amafandesi empahla ehambayo nengahambiyo axelwa eseza.

U No. 1: Ewe unyanisile kwezo, kodwa ezase malikeni izinto ayixeli kakuhle, isuka isixelele izinto esezihlile, kwa namanani angeniiyo. Uti ubuve kusitiwa ihabile e malikeni ibilinani elitile ufike namhla sekusitiwa linani elitile, ibe yinxamleko ke lonto.

Umbuzi: O, wena ufuna ipepa cliprofiteshayo ?

No. 1; Ewe.

NO. II.

Kuteni wena inhlobo lento ungayam- keliyo IMVO?

No. 2: Beke ndiyitata, ke u Mr. Jabavu ngumhlobo warn omkulu ondenzela ububele obukulu, ke ndine sikweliti esimalunga kwi 4s. 9d., ke akazange andikataze ; uti naxa ayibizayo anditu- mele ipepa kakuhle betu ngobuhlobo.

Umbuzi: Ke xa engumhlobo ongako kwala ni ukuba ungamxasi ?

No. 2: Ke ndikohliwe kukuti ndine sikweliti esidala ndibuye nditabate IMVO, ndinga ndingaqale ndibatalc ityala ndandule ukuyitabata IMVO.

Umbuzi: Ke umneeda ngantoni um- hlobo wako olunge kangaka ngale nqubo, ungasibatali isikweliti, ungalitati nepepa ?

No. 2: Kona ukulitata noko andinako. Kufuneka ndite ndabatala kuqala.

Umbuzi: Unanike wakusibatala isikweliti umhlaumbi ubatale IMVO umhlobo wako engayi kuyimangala nje imali ?

No. 2; Au ! andiqamali.

Umbuzi: Ulouhlobo Lwabantu abati evenkileni yom hlobo olungileyo baye kutenga ngetyala, haze bati ke ko nge mhlobo baye kutenga ngeniali?

No. 2 .- (au).

Umbuzi: Yini ukuba ungati kuqala utate IMVO uze ubuye ubatale kuba ngokwenjenjalo kobako into ehambisekayo, nomhlobo wako uya kukutemba ?

No. 2 : Au Ndiswele.

NO. III

Umbuzi: Kungani wena ukuba unga« tati ipepa?

No. 3: Yeka, asililo nepepa ukulungisa elipepa lohlanga kanye. Lisitetelela ngokungummangaliso, kufuneka nditengise nebatyi yam ngenx' enalo ndalitenga. Sendixolele ukuba ngapandle kwe batyi nokuba ngapandle kwe nko- mo.

UPAWU.

Manditi ngamafutshane, lobatyi ise pezu komhlana welonene namanhla. Kungabonakali nokuba yoze isuke ngenxa ye Mvo ngapandle kokuginyelwa emtayini e Mazizini. Kupela kwento eyakuze iyisuse.

Umbuzo ke ngulo:—Nguwupina ke kulamadoda matatu oyena ungumhlobo we Mvo?

Lamadoda matatu ase Ngqushwa ndiyakolwa emi ngoluhlobo :—Owokuqala ngu Mpresite, ote yena wakangela ngelinye icala, wahamba. Owesibinl ngum Levi ote wakangela kufupi naye wanyakaza ingama Au ! Au !! kupela. Owesitatu ngum Farasi, yena ufike wahlokomisa amazwi amnandi namantshi kodwa soma isandla ukuya engxo- weni ukuba ancodc. Ngoku silindele umfo wase Samaria.

INDAWO NGENDAWO.

[NGABABHALELI BETU.]

E BHOFOLO.

Zezokuba—Ama Tempile ayanda, enjalonje akolisile ukuba nezivato. Apume nge Kresmesi afala alijikeleza idolopu ekwi 200 epetwe ngu Mongameli (Rev. I, Wauchope) nomncedisi wake (Mrs. Wau- chope). Washukuma wonke umzi.

Nokuba—I Klasi ye Bhayibhile enziwa imihla yonke ngolwesi-Ne umfundisi iquba kakuhle. Baninzi kulu- tsha oluse dolopini ababonisa umV wokulazi Ilizwi lika Tixo, nakube i ninzi abangayaziyo nokuba yincwadi efanele ukufundwa icokiswa i Bayibile.

Nokuba—Imvula yenze isimanga. Iceliwe, yana, labuye labalela. Nge Cawa (20) yacelwa, bapuma sekuzindaka. Ati amaqaba " Siinbonile namhla u Tixo."

Nokuba — Kubanjwene ngabafundisi abamhlopo—atna Wesile nama Tshatshi, ngendawo yokumisolwa kwe *Chaplain* yamageza. Into embi kukuba amageza abhubhayo akuko uti hayi makaugewatywositi. Intoemandla liwonga nomali yobu *Chaplain.* Okwangoku angewatywa ngontsundu wase Rabe ze.

Nokuba — Ingxande sezimbini kwa Gontsi. Loluka Tom K. Zokobe nolonyana wake u John Meuraut Zokobe. Umfundisi wase Rabe wenze i *offer* yokuba umntu ofuna ukwaka uxande makafune yonke imiti, yena uya knlumisa upahla angabizi nepeni ebomvu. Umise oluka J, M. Zokube wauikwa ito-

kazi lenkomo, akake atsho ukulamkela. Nalo icham madodana . Ingxande, ivoti, intlalo eutle. Ujonge apo ke u Maneh.

Nokuba—Intlanganiso yomanyano lolutsha engena e Sigingqini ngokuhlwa ncolwesi Bini iveki zonke inomcimbi ezakuusona ku wo we mitshato, kuyakukange ezindawo :-(Paula mbhali wo nihlati we Zomlisela no Mtinjana), 1. Isinyaniso siteta ntonina, kanjako sitenina lento siugemi ndaweni uye ? 2. Imitshato ngamibini, omnye kulonfombi omnye kulo soka, ayifuneki. 3. Izonka ezibini zomtshato (wedding cakes) zivela pina, ziteta ntonina? 4. Incite yomtshato — ukuti ilokwe ventombi yomblolokazi ide idle £7 10s., kuze kuxhehve inkomo kumacala omabini, nento eniuzi yempahla emfutshane; ezonto zibaugaukuba kwa- nde ukutwalwa kwentombi nokushweshwa. 5. Icebo lika Mr. Wauchope lokuba intombi ingalamkeli isoka lido lake uxande ngati liqubela pambili, kodwa ke makufe izinyaniso namakhazi, nendleko ezingafunekiyo zomtshato ukuze lilungo. Ezontloko zontlanu zimelwe ukukangelwa ngo February lo.

Nokuba—Ikofu kusasa, ikofu emini, ikofu ngokuhlwa—ikofu, ikofu, Hay ikofu! Mayigwetywe. Urnfazi opile ngamaqanda esikukwazana esinyo akay i- shiyi ikofu akuzuza isbeleni, kanti usapo lulambile. Ezizisu zegazi, obu bushu- shu begazi bubanga isono asiyiyona le kofu ipungwa kangaka ? Mayikangelwe le kofu.

Nokuba—Nge Cawa kunyulwe lamagosa kwi “Sebe le Temba” o Bhofolo :— J. M, Zokobe, C.T.; Samuel Tshete. V.T.; Amelia Mnyanda, Secy. ; Nontombi Co- ngwane, Trea. ; John Nqqezana. (hap, ; Ben Madolo, Mar.; Elsie Matshabana Ass. Mar. ; Saul Koom, LG. ; Cawood Pongolo, O.G.; Tom K. Zokobe, P.C.l. —HOLOFELE.

EBHAI.

22 January, 1895.

Uxolo. Noko andimutu ukukatazayo ngendaba zalapa, ndingumboneli kodwa, nomlundi wepepa nendaba zalapa.

Ndlcukunyiswa ngumdlalo omhie endi- wubonileyo we bhoia. Uyazi ukuba bekuko i “ Tumente ” yamskaya ete yaququbeka kakuhle kakulu. Bekndibene i club ezintlanu, ezizezi:—Ethiopian, Fear Not, Brotherly Unity, Wide Awake ne Gaika.

###

Ngomhla wokuqala kwaqubisana i Ethiopian ne Brotherly Unity, yatyiwa i Ethiopian; kwalaudela i Fear Not ne Wide Awake, yatyiwa i Wide Awake; kwalandela i Fear Not ne Brotherly Unity, yatyiwa i Brotherly Unity ; kwalandela i Fear Not ne Gaika, yatyiwa i Gaika. Yaba inkunzi yalonyaka, neyona club iyitatilevo i Tournament yi “ Fear Mot.”

j

Ncoma ukuzipata kakuhle kwamadoda e.„ Hai betu, libi ikwele : angamanene epela; akwabiko zipitipiti, naukani, kwazola; kwabonakala ukuba i Captain ye Ethiopian ayiko, kuba yayi-singe e Natal, umfo owuzimasayo um Halo. Le Tumente ibaluleke ngezikora ezikulu. Ibiyintwana indoda ukwenza u GO, anditeti kona ngo 30 no 40 ibilicekwa. Nantso into esiyifunayo apa e Bhai, sibo pambili ngento zonke. Madodana, andazi ukuba yiyipina ezitshoyo eyoqale yenze u 100.

Andisateti nge cab, nezinxibo zama- nenekazi, nokuzipata kakuhle. Noko ndapaula isihombo esihle, kutn ke, ilokwe eziluhlaza: yabantle ke lonto manto- mbazana! Waman’ ukuti umntu, hai ezilokwe, zi “ trinywe ” ngento eudingayaziyo, zintle betu ! Ngazwinye i Pavilion yayibonakala kakuhle; izidalwa ezibutataka zizipete ngokubalulokileyo.

Kekubeko izigigaba noko. Amadoda avela ngapandle abolumkela i “ introduction ” apa, kungenjalo ayakuhlala elishiya kakubi i Bhai. Abahambi ibi- ngengabo nabo, bebegwaz’ u Tshaka. Ite enye indodana kanti ipandliwe; nditeta ukupandlwa mna ; yagixa. Ivakele isiti inzwakazi yase iwandle, intokazi entamo inde: You shall excuse me sir, I don’t know you, yatsho ihamba. Asazi ukuba unkabi lowo upelele pina. Nibolumka nakuza apa ’.

I matshi ebemnandi yeyamadodana, angokatshati natshatiloyo, atyiwa atshatileyo. Into ete yadala intsini abafana bate bakubona ukuba ayatyiwa amadoda, bamana ukuti, “ ten o’clock,” uti obuza- yo ukuba yintonina u “ten o’clock”? Bati, siti sakuya ezindlwini zabo siti sakunqonqoza bati, “ ten o’clock,” kulati, bangavuli; namhla sibafumene.

Umpolofeti uke wafika nalapa e Dubula esiya kwa Ntambomvu. Ngoku uharnba esiti makwakiwe into eninzi, kuza inyambalala yabantu, ze bafakwe kwezondlu. Uyiqinele lonto.

Sive sixelelwa ngumfundisi ukuba, ngoku uzakuti umntu akuba nosana luyokubikwa nguyise nonina kwa Rulumente. Lonto ibotusile abantu ababa- singilayo abantwana. He ke, kona baya kubikwa ngubani bengenabo nje oyise?

Kwo! kesabonela into entle, intlanganiso yabafundisi base Wesile, wazala umzi wase Maxambeni yimitika, kwakuhle betu. Anditeti kona ngenkonzo, bekuzala abantu beme ngenyawo. Aye eshumayela amadoda, emelwe kukubatsala abantu. Ukuba abantu babangaka lecawa yalomzi kuza kufuuokayandisiwe. Saye isimauga kugqoboka umntu qo; ndamangaliswa kuba kumhla ndiyayo e Wesile, yandicingisa kakulu lonto.

Zibentle zonke, hai imini yolwesi-Hlanu, mhla kwakusamkelwa abafundisi namagosa. Ndangati kumhla ndiyibonayo intlanganiso. U Rev. B. S. Dlepu, namagosa ake, namakosikazi ase Wesile, kuyabonakala, kuti ke tina bamgama, ukuba babezimisele ukuba lentlanganiso ipumelele, yaza yanjalo ke; ngoko ke inakazi u Rev. B. S. Dlepu ukuba siya vuya naye ngesikubonileyo nangempu- melelo yentlanganiso.

Sabona nenkosi into ka Mhlambiso u Radebe, umzukulwana ka Bhungane edumileyo. Uxolo, andizazi iziduko, Kaloku niyazi. Kwamnandi noktibona isininzi sikwele kwi 2nd class kwaloliwe. lyakataza i 3rd class.

Yo! besite nqa kade, siva omnye umfana ovela e Maxoseni oze kutshata apa eteta oku, ute omnye, mfondini yinile, xa besise storeni, ubalekela ntoni no- mntana wabantu. Suka ati ukupendula ndalobola zasitoba, abavuma ngoku ukunditshatisa, suka ndati ndakujoka bati abaxali, qubula uyokutshata e Bhai, ‘ kungoko ndilapa nje. Hai kwakanya. Molwtni ke. Nditunywe ngumlungu warn e Humana.

Imvo Zabamimzina.

U MR. ROSE-INNES E MOWBRAY.

Ibisidlangalala sentlanganiso yaba- nyuli bo Mr. Innes no Or. Smuts e Mowbray, esinye isibaxa se Kapa, ngo Mvulo wegqitileyo ukupulapula imbekiso yalomanene ngezombuso. Kumanene apambili abebapahlile kungaba- lulwa o Hon. J. X. Merriman.
Hon. J. W. Sauer, M.L.A., Hon, C. W. Hutton, M.L.A., Messrs. 'L. M tener, M.L.A., C, T. Jones, M.L.A., W. Hay, M.L.A, T. Louw, M.L.A., T. E. F uller, M.L.A., nabanyej

J-t KUQALE U DIL SMUTS

ka abekiselele kwinqubo ka Kulu; oko ibiblangene ukugqibela e Palamente, wenza umonakalo wonke awaye nokuwenza, yaye i Opozishim isenza konke ukubuncipisa obo bubi. Akuba etete nge bula nololiwe, the kuko umingimingi ngerafu ezintsha ezinga- niiswayo, wati irafu angazixasayo yena zezotywala ne daimane. (Kwadunywa.) Wati mayelana nokupata kuka Mr. Rhodes elixakaxaka zinto ezininzi azikangelayo, liko ixesha awayeko engakitcasile oko wayenokushiya amadoda anjengo Messrs. Innes no Merriman emsebenzini, kodwa ngoku kufuneka eko ngesiqusake ukuze kulunge.

V MR. ROSE-INNES

otcakupakama wamkchva ngendududumo zemivuyo, wenza inteto endana ate kwase kususejeni wateta

NGE GLEN GREY By,Late njengokuba besazi leyo yi Bili yokwaba imihlaba etile esema Xoseni, isabelwa abantsundu abangabemi bayo Ababantu lemihlaba bayimi—abanye ngeminqopiso, abanye ngentshumayelo ye Gunya ka Nkosazana. Nakubeni ke abantu abatile e Bandla ababatiye kunene abantsundu behleli besiti mayitengiswe lemihlaba kodwa umzi omninzi awuvumelani nolonto.

U MR. RHODES NALOMTETO.

Oyinkulu Yabalauli wenza inteto ende nevakalayo, wamisa inyawo kweyona nto ingamandla yale Bili—ukuba. kungabiko mxube ekumiweni komhlaba ngabamblope nabantsundu ; esiti lomhlaba mawugcinelwe abantsundu abawumiyo. Kololuvo ke yavumelana naye i Opozishini konkena; ekuteke kwakuba sekucikidweni komteto, kwa-kubonriswa ukuba kusaya kubako ingozi maluugana mmdawo eti umntu unokutengisa nakomhlope xa avunyelweyo ngu Bulumem, bakuti bona ne Bunga eiikulu malibe nemvume wabena. Enangoku ke u Rulumeni usayiyeke yavuleka lonto. Yati yakubeki- swa koyi Nkulu lonto wayibona, wati uyavunia ukuba ilungiswe; kodwa kwati ngemini elandelayo waseyegwilikile, esiti e Bandla akanakulibamba idinga lake, kuba ukuba ulibambile uya kuqetulwa lowomteto upela. Into cyenzekayo yile, kwati emva kokuba Oyinkulu enze elidinga, kwenziwa intlanganiso egolongxeni ngabalandeli bayo baza abalandeli bateta mhlope ukuba abayamkeli inguqulo enjengaleyo abeyitembise i Opozishini. Bona abatandi evalelwe kwapela omhlope kulemihlaba. Ke mabake bayikangele ke imo elusizi yokuhliselwa ezantsi koyi Nkulu. (He ke.) Into ebonakalayo apa kukuba oyi Nkulu kulomcimbi waye luvo lunye ue Opozishini, kodwa engavani nabo bamrauleyo. Selebala- ndela kuba engumfo onqubo ebuka namaqela la onke, ngapandle kokujonga izimvo, oko ebona ukuba lininzi. (Kwadunywa.) Akuba etete bukali ngenqubo yokupunyelcliswa komteto ongaka ngepika, u Mr. Innes upaule ukuba

U LORD RIPON usand’ ukuti akuko siposo asibonayo kule Bili kuba u Mr. Rhodes wenza inteto emmandi ekuyingeniseni. Umntu ubengekolwe ukuba inteto ebuntwana enjalo ibingapuma kolipakati lika Kwinn Enyaniswini umnumzana obekekileyo makabe uyayazi into yokuba eyona izakuqutywa pakati komzi asiyiyo inteto ka Mr. Rhodes kodwa yi Bili, ekuya kuti selezishiyile izitulo zobupati u Mr. Rhodes ibe yonaiBili isabalwe njengoko ezincwadini zabo zemiteto. U Mr. Rhodes wenza inteto elungileyo, ngoko ne Bili ilungile— lonto ayisakuba ntutuzelo emva koku xa no Mr. Rhodes selebona umonakalo ewenzayo. Into abayibonayo ngoku le Bili iqutywa gadavu ngu Sir Gordon Sprigg ongakanga wavula nomlomo. Nanko eyawaqala intwana zake zoku- pitizelisa e Transkei malunga nale Bili. Ate ukuba u Mr. Rhodes akabuyi msinyane, isekela lake lisakubuye umzi liwufake engozini yesemipu. Inene elibekekileyo lingcno kwinto ezinjenge Bula, nokuvulwa kwemijelo, njalo njalo. njalo njalo, lahlala pantsi lidunyelwa kunene.

U MR. MERRIMAN usuke wateta ngokubexeshwa okukoyo kwabantu zizigitshimi ezitunywe ngu Mr. Rhodes ukuba baye entlango yase Ngami, esiti lonto iwupanga amandla umzi wabo.

U MR. SAUER yena utete ngamaqela nkoyo e Palamente kuba abantu betanda ukuzibalela kwelona qela likulu. Ate elabo iqela limadoda a 22, anokumela ukuba acitwe lo Rulumeni a 17, elabalandeli baka Mr. Rhodes limadoda alishumi kudibene namadoda amane amele i De Beers. (Kwahlekwa.) Elama Betyebetye limadoda matartdatu, waye u Sir G. Sprigg enomlandeli omnye; asesitubeni amadoda alishumi, ngu mhlali pambili namashumi amabini anantlanu e Bonti ibeke ipelile into. Lento kuya funeka yaziwe xa bagculelwa ngobu- ncinane benani labo. Ababancinane njengoko kutshiwoyo.

Intlanganiso igqitywe yakuba ivaka- lisc ngamoya mnye ukuba isakolwa ngamalungu ayo.

ABANTU NGABANTU.

NGENQUBO YOHLANGA.

NKOSI YAM MIILELI,—Kaundincede undifakele lamazwana atnbalwa, andizaage ndikukataze. Kuko into endingayiqoudiyo. Ku’utsha Iwakowetn olufundileyo nolungafundileyo. Kutenina ukuba kungabiko mahluko kuti nobawo ? Lento ukuliuia kwetu kungabonakaliyo okokuba singabantu be nqubela pambili tina kaloku. Nditeho kuba sisike siti sakufutnana amabele simana siwnfaka eziseleni aiwaboliaa singafumani netiki le ngawo; asiyiyo inqubela lonto. Awu, sendiyeka ndiyoyika. Nditn,

0. 0. M.

Etnncotsho, 24 November, 1891.

OMAKWENZELWE “IMVO.”

MR. EDITOR,—Nkosi yam, kaundincede ngambalwa amazwana am. Ndivuyile ukubona amakowetu lento ye Mvo eyinikele ingqalelo enkulu, niikuba ndingekeva oteta ngokwandiswa kwayo. Ndiyakolwa noko amakowetu akwamxhelo mnye nam ukubulela imigudu yo Mhleli ukuti kuzo zonke inkatazo nendiniso kubonakale engenisa omnye umtwalo wokwaudisa ipepa eli. Into esisimanga kukuba inganyukanga imali yomrumo walo, yaye ikakade imali ye Mvo imlingene umutu ontsundu okwelixesha. Kuko indawo amakowetu amawayika- ugele ngeliso elibukali. Bokumbula ukuba isikalo sikulu so Mhleli esiti, kufuneka amagama nemirumo kuba umsesebenzi lo utwalwa ugemali. Ubesitsho ke ingekandiswa IMVO, namhla ude wafana walutyoboza oludonga kwengxakeko wayandisa IMVO ugokutemba umzi wakowabo, endinovuyo ukuti umzi nawo uyayibona lento. Kufuneka evuke onke amaso omzi, ukutsho ke kukuba amanye selevukile; u Mhleli akafuni nto inkulu nenzima, ndingati zintatu izinto ezingamandla azifunayo1. Uti, yiti uyakutenga kwivenkile enesaziso EMVENI, ote wona wahlatyelwa yi Myo, yixele lonto kulovenkile. (Lamazwi ayeyam ineazelo kwinteto yo Mhleli.) 2. Umhleli ulindole izaziso zomtshato, zabazelweyo, ababhubhileyo, njalo-njalo. 3. Umhleli neqela kubo bonke abatati be iMvo ukuba bangenise abatati abatsha, ati kanye umtati ukuba akanakufumana isihlwele aselezamela igama elinye ngonyaka. Ngati mna ukuba ezizinto sizenzile kwangoku siyakuba siyaziuceda kunene. Xokozelani mzi, Pitizelani. Ndiyavuya noko ukubona ukuba umzi uyafuna ukwenzela IMVO into, noko ungaziyo ukuba iugaba yiutonina engaba luncedo. olukulu. Nditsho kuba yinteto endala le yokuti Umhleli makateqgelwe ilitye ekubduakalayo mhlope ukuba lento ihleli ayili kuma Africa. Kude kwavela no “’Gadul’-etwele-uenkabi,” kwanenye i- mambane emsekelayo ; lento ke asimlo- mo zizenzo kuba ati lomangnp imali angayirola, atsho ayixele 5s. Ke intwana engaba yingxaki kokwam ukukangela yile: ilitye liza nezalo indieko. Ize ke kuti ukuba inani labatati liucinaue, njengoko kunjalo kalpkunje, lize ilitye litshone kuuye ne Mvo. Nantsi into emayenziwa. Makwandiswe abatati! abatati !! abatati!! ! abatsha. Kali xa seku- funeka ilitye ibe ngumsebenzi wenyanga pnye kupela neshelenaua ezimbalwa kumtati ngayipi, lima ilitye.

Mandigqibe ngoka Kiwisa oteta ngo “ Gadula-etwelo.” U Mr. Siwisa uteta njengonegunya. Ndingati makalumkele ukteta kwake xa indoda engayazi, hlezo kuti bakuaubisana ngembovu afumano ukuba lomntu ubengamazi unogunya elingapezulu kwelako, uzd aqale ukubamba indawo ezipantsi ngoquso obude no ungcangcazela. Tina ma Famala madala asimtandabuzi u “ Gadul’-etwele- nenkabi” ukunye no Nqushu no Dubula qo Ngenela no Ontata Madlala no Madella no Lwana no Nombeu Mfecane-Ngagajana womhlaba. Enye into ndingati oka Siwisa, funda inteto yomntu tanci wandtile ukumpendula; lomfo wenze i “ proposal ” wasekendishwa, enilungwini ke iba itshayile iutsimbi xa kunjalo.

UMQA ESANDLENI.

NKOSI MHLELI WEPEPA LABANTSUNDU,—Ndivurrele nnm namhla ke ndenze lenteto. Nto indibangrla uknba nditate usiba yinteto yenene lase Glen Grey el.be lilinga ukupendula inteto ye roti less Lesseyton u Mr. Z. Rani ngokupakela umzi wakowabo ngokutshatyalaliswa kwesizukulwana esintsundu nge mokolo ezimasbumi matatu (30 morgens), laza lazifihla igama lalo, lama iqalekisa imitandazo eyatandazwa ngabafundisi abamhlope nabantsundu, eti : “ Mahlimbe Ilizwi lide liyizalise i Africa.” Ukuba bendinckumpendula umhlobo lowo ungayitemelanga intetony’tumele kwi Editor kuba esizi ukuba iyakumhlazisa, imxele imo akuyo eburtwini; ndaye ndiwacela onke amehlo nkangela kwinteto yeloueue, ukuba angay beleli kwinani lexesha alipi weyo ngu Yehova, igqito ezingqondweni zawo njengomququ epetshetwayo ngumoya. lonteto mayibe njengopupa lezolo. Ngani ? Kula akabanga naxesha lokufunda irteto ka Mr. Rani; whlaombi uyive ngetidaoa xa el eza kutehcnela, weva kuti nkentenkete, oko kukuti ngonorauzena. Ngani, knba uteta ngo Mr. D ivis, kanti akajiva into eletwa ngu B. ngo D. Ndimcela ukuba eke afunde kwakona, wofnmaua esiti u R,, bona base Lesseyton bede beva ngo D. ukuba bona basesemva kuba amadoda seletengv.e ngemokolo ezituashumi matatu (30 morgin s), yi Glen Grey evumele u Lozi (Rhodes) ukuba kulungile yenza. Lumka ungabi uzenza u Judes, yena wangcatsha i Nkosi ; akusinecatshina isizukulwana nge mokolo ezimashumi natatu. Kulungelo kuwe mhlobo ukuba uti, hai, lento ayinjalo, kute kwati. Wandixolela wonke engumhlobo ngepepa kunyo nonminilo. Kuwe Glen Grey : ukuzenza akufani nakwenziwa.—O- webandla,

J. B. MGWEBA.

Box 914, Johannesburg.

ILISHWA LASE BATENJINI.

MIILELI wepepa lomzi ontsundu,—Ndi-ndululwa woka Komana ka November 22 1894. Namhla ndiyangeua kwingxushululu yokuteta kwabafana abemi pezu kwetu, ndindululwa ngu J. S. Sibeko obulela oka Rani ngokucasa isinala ya-kwa Bangindlala, alike agxeke izibonda abati zitengwe ngama 30 e morgen, zaza zatengisa ngomzi. Nditi eligama lobubonda latiywa kuba kwatiwa zibonda, ke abafana bacinga ukuba zifana nezomti, kanti zifana nentsika yendlu ; indlu ayi-ngemi ingenantsika. Ezizibonda zigxekwa ngumfana ka Komana, ugxeka oyise, kanti ezizibonda zautabata umzi kwakupela ukubosi apa eba Tenjini azibanga nako ukubuvusa, ubuntu obebusebupelile kubauiuibo eba Tenjini. Apa akuko sibonda semiswa pezu kwenkosi yaso. Umfana ka Komana akangeti izibonda izibonda zitonga amashumi ama 30 e morgen kuba zisuke zeyiswa ngu Rulumeni nge Bili. Umfana ka Komana uyszi ukuba uyise ngum-Tembu wokuzalwa nbefanele ukunikwa ifama eku 500 emokolo, kuba nabe Sutu nama Lawu ayamkelwa, banikwa ifumabengazitengenga. Oka Komana akangeti ukuba oyise banikwa amashumi amatatu, azo ati batengiwe; ubenga banganikwa ntonina yena ukuze babe abatengwanga. Lento lilishwa eba Tenjeni apa, angati umntu akufumana ukuba noliti lokukanya asuke akame ukucina intwana ebiko, nditsho ngaba bafana bo Rani no Komana ; umfana ka Komana unobukwele ngemilomo yoyise, kanti akakabi namava awenzileyo, waye egxeka izibonda uyise abantu abanemizamo abanemizi ngayo. Mfana wam —’ko-ndofa njenge hobe.—Ndim, owako uyise wazo,

II. KALIPA.

21 December, 1891.

IDINALA KWAKONA.

DEAR MIILELI WE MVO,—Singa ungasifakela lemigcana imbalwa epepeni le udaba. Ngenteto ka “ Gobisongololo ” eyayise pepeni le 22 January, sifnna ukumpendula lomntu ozilihla ngelogama. Siyivela ububi into yokuti kwake : Amanye amanenekazi e club akazange abeko ngenxa yekwele kulo diuala yokwamkelwa kwe club. Andikolwa ukuba naye angayiya into angayaziyo ukucetywa kwayo elilnngu le club naye. Lamane-nekazi akayicinganga lento yale diNala, eyona nto ayecinga youa kukuzingca ngcmali eninzi, kuba nako ekwazile ukurola ama £25 ewodwa engawacebisanga amanye amanenekazi e club. Besinge- n;ko ukuyiya into enjalo. U “Gobiso-ngololo” yena ube yolelwe yidiuala, kuba wonke umntu ofumene into yamyoli, usuke axe solefano watetateta. Si- tsHo ngokuba le dinalana ati yena yeya £25—siti sakuva ngababeko kuyo, kubo-uakale ukuba ayiNgebi ngapezu kwe 2s 6d ngenxa yobuncinane babautu ababeko. Makube ke ababantu badla ngokungumangaliso ukugqiba ama £25 ngobusuku ; incite engazange ibeko nase mtshatweni wangapaudle woua mtshato unendleko. Siti ke ukugqiba ngesacetyiswa ngalamauenekazi ukuba azakwenza into enje, singamalungu e club Nati, akulunganga ukuzenza izinto ngalendlela. Zidla ngokungalunga kakade izinto ezenziwa ngoluhlobo; makuviwane xa kwe-nziwa into. Siyapela apo.

Siti maueuekazi kutiwa

ANEKWELE.

INDABA-TYELO AYIKOLI,

MHLELI WENDABA ZOMZI,—Kaundifakele lamazwana ngoknbhekiselele kule ntkiko ingentla. Iugaba yintonina? Ingaba yilemali ka Mnyaluza na? Le axelayo naye u Mgemane ukuti, akakasazi naye isizatu, nokuba yafika nokuba kutenina? Nditi mna, u Mgemane akakaveli nayo imbangeli yale nteto yake, ipefumla umoya ombi ngoluhlobo, woku- ngxwelera umsebenzi omhie kangaka, Iugaba yintonina imbangi yaleuteto? Angaba lauiazwi apupuma kulomoya wokanda awubouakalise ngokuya emfazweni kuugeko mfuneko, koko ngenxa yonkauizo, nanjokwamkela IMVO ngenxa yalo; nokuba kuko ukuugavisisani pakati kwake no Mhleli? Mblaimbi ufuna ukugalela amanzi kwizimvo ezintle ngakwelipepa: aze ke ayilo elake e Rautini kuba ke selexela ukuti selewuqondile yena lomsebenzi wepepa. Mayibe yintonina? engabanga u Mgemane ukuti, Umhleli welipep’ akawuqubi ngomfanelo, uswele umonde nozondelelo. udumile ngokutanda imali, engawuqubi ngemfa-nelo umsebenzi; kungeko nentwana encinane angazityebisa ngayo ezindawo, ngapandle kokuzibonga kokubar ungumfo ongenangqambu. Uti ungumshumayeli we Mvo: into engummangaliso kukuba wotinina u Mnyaluza ukugqobhoka pantsi kwentsbumayelo enyelisa ngoluhlobo. Akuko mihlaba kulamabala abekwa woua Umhleli ngokuwuquba ngemfanelo. Lesa, uze upulapule kokutetwa zingqondi, namapepa enqubela, Ngomonde: paula ukuba kwesi situba seminyaka elishumi, liyintonina, lingakananina, ngamalinina? Ngokutanda imali: inteto yako ngokwayo ayivani; umrwebi otanda imali ubouakalisa ngokuququzela. Intetoezinjeziyawungxwelera umsebenzi kwabasebutataka, zingena kutetwa ngabahlobo bawo.

IRANUGA.

UMTSHATO NO SHWESHO.

NKOSI MIILELI,—Ndifuude ngosizi inqaku elibonakele kwi Mvo ye 29 January, 1895, elibhalwe ngu “ Vela-Ngeliso,” ate wazaba umntu wase Monti izicaka ze Nkosi, waziiaka kotshatileyo noshweshwileyo. Intlanganiso yabafundisi ebisand’ ukuba lapa yeyama Wesile. Akuko nanye indlu yeshweshwe ne shweshwe-kazi e Wesile. Bonke ke abafundisi namagosa anela kwizindlq zama Wesile, ngapandle kwamagosa amabini aya kwa X. & Co. Kupihlope kulenteto ka “Vela- Ngeliso” ukuba ipuma kwintliziyoetayo, ebolileyo, efuna ukuposa isigaqa sayo esibi kulomsebenzi mhle kangaka, Nga-mafupi, lenteto ayineneyonke. Nokokuba lento ibe yenzekile ebengati umntu pnengnopdo nonokutelek'elela nqumama, acinge ukuba pezingase sipelilena izindlu ezilungileyo lento kude kweqiwenjani nje? ubgabuzi lombuzo wobidenga. Ndinenkolo ukuba lo “Vela-Ngeliso” ngobelindele ukwabelwa, akabelwa, waza wala-hlekwa yitiki, kusininanje? Pezu kwako konke, lombuzo awufanelwe kuzalwa lolucuku. Ndiqinisekile lombuzo ufanele umshweshwi, ne ngqinga ye qaba. Ndinosizi kuba engazibekanga igauia kuba kungenzeka ukeba alale kanti ushwo-shwile lo “ Vela-Ngeliso ” ufuna ukudungudelisa ixhala analo, angcolise ipepa lako Mhleli, aniko nabalesi balo ummangaliso wbbubudengo. Ngebungafakwa bonke ubuvuvu epepeni. Bota Mhleli.— Mua,

JAMES MAKATI.

INTETO YENDODA KAKUHLE.—Imambane e Transkei iti:—IMVO injengeliso kum, 13/6 ayiyonto ; po ndinondleko nakwezinye uinto zempilo yam kakulu, kanti pezu koko yona into yokqba udiyeke IMVQ, ayiko nase pupeni. Nokuba ndiyi groom, ndingabanaio ipepa.

EZINYE INDABA KWIPA 4.

NATIVE OPINION & GUARDIAN

TUESDAY, FEBRUARY 5, 1895.

THE WEEK.

THE Hon. J. X. Merriman, M.L.A., will be banqueted at Queenstown tomorrow evening.

MR. JOHN F. WEBB, Magistrate of, Oudtshoorn, has been promoted to East London.

THE number of small pox cases in the Johannesburg lazaretto last week was sixteen.

MR. RHODES had a conference with Lord Rosebery on Wednesday, and afterwards lunched with him.

THE total number of persons drowned through the sinking of the Elbe was i three hundred and seven.

THE Czar, in receiving delegates from all parts of the Empire, declared his resolution to uphold the autocracy.

GERMANY' and Great Rritian have agreed to maintain the *status quo* at Delagoa Bay.

THE German papers criticise Rhodes’s j statements to *Kreuz Zietung,* and declare that the Transvaal would have German help against the British.

UNDER agreement with the British steamship companies, Natal will become the terminus of the German East Africa line of steamers. The British and German Companies will charge equal rates, and grant similar facilities.

THE steamer Elbe, bound from Bremen to New York, with a large number of passengers collided with the collier Crathie, in the North Sea, and foundered. Twenty of those on board were rescued and landed at Lowestoft, but three hundred were drowned.

WE notice that some up-country newspapers reproduced, or made copious extracts from the IMVO special telegram of Messrs. Inness and Merriman’s speeches at Capetown, without a bare word of acknowledgment.. This is poor reward for newspaper enterprise.

THE Czar, in a letter to M. de Staci, the Russian Ambassador in London, thanks him for his successful efforts to strengthen the bond of amity between Russia and Great Britain, which, his Majesty says, is an important matter for the general peace.

ACCORDING to the *Umtaia Herald* “ the excitements and wild rumours which so much agitated the Natives all through the Territories, as recently reported, appear to have almost passed away, and very little is now heard about poisoned goods and Government schemes of extermination.”

IT is stated to be Mr. Sauer’s intention to visit Aliwal North and Burghersdorp, and probably Queenstown within the next few weeks ; and that he will be accompanied by Nir. James Molteno, M.L.A. At the places mentioned they will, no doubt, make political speeches. It is not improbable that they may take Kingstown in their trip.

A REUTER’S telegram from Chefoo announces that the Japanese took Wei- ha-wei after two days’ skirmishing, and that the Chinese bolted when the final assault was made. It is stated that the Chinese loss was two thousand. All the Chinese warships escaped undamaged. The Japanese Ministers have had a conference with the Chinese peace envoys.

A SPECIAL wire to IMVO was received on Thursday, as follows : — Today Generali Joubert has forwarded a strongly w'orded letter to Magato, warning the chief that complaints have reached the Government of his conduct towards Commissioner Schiel, and urging him, for his own sake, to recognise Mr. Schiel’s authority, to pay taxes, and allow the hut census to be taken.

JUDGE DE KORTE has lodged information with the State Attorney against Mr. Henry Hess, of the *Critic* and a warrant will be issued for Mr. Hess’s apprehension on a charge of criminal libel. The complaint is based on an article on the Modderfontein judgment, published in last week’s *Critic.*—Mr. Christian Joubert, Minister of Mines, has also lodged an action.

As shewing the trend of opinion among the farmers in the up-country districts, it may be pointed out that, at the last meeting of the Richmond Districts’ Bestuur the following “ beschryvingspunt” was sent to Bond Congress: “That the attitude of the Bond’s members in regard to their unquestioning support of the Rhodes Nlinistry is opposed to the wishes and feelings of the Afrikander Bond.” There was not a dissentient voice.

ON the 31st ultimo, the Resident Magistrate of Idutywa had a meeting with the headman and people under him, and acquainted them with the provisions of the Registration of Births and Deaths Act; and that the General Rate, under the Glen Grey Act, was expected to be paid in every day. After a short consultation the headmen returned thanks, observing that the Registration of Deaths was the revival of an old custom in the days of their chiefs, against which they had no objections. In regard to the new taxes they said that the old (hut) tax was by itself a heavy burden; and implored the Magistrate to forward representations that the people will be destroyed—they are unable to pay the new tax. Moreover, they said, they have no roads in their district, the one thoroughfare being the main road to Umtata, along which were carried goods that had already yielded customs duties—and oil which they had thus paid indirectly. That road was kept in good repair by the prisoners. In saying this they asked their magistrate (Mr. W. T. Brownlee) to send to their father the Government, and pray for them.

THE CIVIL SERVICE

A HINT has been thrown out in Capetown as to two of the measures that will be submitted to Parliament by the Government. One is the amendment of the Civil Service Act in certain respects, and the other the Health Bill. In both ; we are interested; but there are certain things relating to the position of those of ourpountrymen who are in the Civil Service which may be taken account of with profit by those who have the management of these affairs. Mr. MERRIMAN once stutcd₃ that one out of every twelve of the people of this country, was a Civil Servant This shows how close are the relations of the Service to every member of the community. $ rule, although the Natives are aa much the subjects of the Queen as any other class, yet a difference has always been made in regard to their entering the Service, with the result that, to be within the mark, it would be fair to vary Mr. MERRIMAN’S estimate, as already referred to : that is, so far as the Natives are concerned, and say that, one Native out of ten thousand, is a Civil Servant. It will thus be seen that this large class of Her Majesty’s subjects have hitherto been outside the field where most of the public money is spent. The balance is far from right. This, it may be con- tended, is owing to the fact that the people of this race are not yet fit to engage in work in this department; but we know of posts, at the foot of establishments, which Natives only can properly fill, which they are, nevertheless, kept out of under the system now in vogue of passing them by. There can be no question that, as a rule, the posts of Native Interpreters are best filled by Natives. Aud hare let us be clearly understood — we don’t mean to say by every sc cilk 1 educated Native. But there are men of acknowledged ability who, if judiciously selected from the crowd who think themselves qualified, but are not, can discharge such duties most efficiently- Of late, however, there has been a disposition to get white men for these posts whose qualifications in most cases that we know have been far below the average. On this point we are in a position to write freely as regards the local establishment which may be supposed to have suggested our observations; for, while it was difficult to make such comments when a white man occupied the post —since it would be thought reflection on him was intended— a Native now does the work and we cannot be regarded as dealing with any local circumstance. Broadly speaking white men thus appointed are those who are found not suitable for higher duties generally assigned to European officials, but they are given interpreterships by the sheer accident of colour. It has been our misfortune sometimes to hear men thus appointed, making a sorry business cf the rendering of Kafir into English idioms and *vice versa,* while their grammar in Kafir has left much to be desired. Magistrates and others who understand English only jind very Jittle Kafir, have been well satisfied with such translations! Considering the delicacy of such a position—how a man on the distorting of idioms, to say nothing of other defects, may be condemned for years to durance vile—anxiety on this score on the part of most Natives may be readily understood. If, in the new Bill, an effort is made to purify things in the direction indicated, much will have been done to save Government from absolute disrepute in the estimation of people who understand these things ; as at present they appear as wilfully conniving at the pollution of the pure stream of justice at their very fount. Wo contend that Inter- pretorships should, as has been the practice for yeais, be reserved for well-educated Natives, since for one reason, Natives are not, ns yet, admissible to the higher grades of the Civil Service; moreover, since, except in a solitary case here and there, European interpreters for Kafirs have been a failure. Then, if the Bill would provide for the grading of these positions to encourage deserving young men to look for something higher, it will have done a good deal to remove much sullen discontent among this class.

TO LOCAL READERS.

WE are glad to notice that our efforts to localise IMVO have met with a certain amount of success. A considerable number of townspeople have entered their names as subscribers to our Tues- day’s issue, while many more buy the paper from the “ youngsters ” who sell it. This is encouraging. To these sources of encouragement we must add the compliments that we have received from many local friends who have seen the paper in its improved form. We may have fixed our expectations too high, but we certainly think that, as far as we are concerned, wo have done not a little to deserve even greater local support in organising a regular and special Telegraphic service for Tuesdays solely; and securing the day’s Cables for the town. When we served a country constituency, we could easily dispense with this in- formation which entails consider- able expense; and we have gone into it simply with a view to serve the town. It will not now do for townsmen to pass IMVO by as merely “ a Kafir paper,” seeing that it lays itself out in this way to meet a pressing local want of a telegraphic service, to say nothing of other news, for Tuesday when the town is absolutely without any other paper. We remind our readers that the best way to encourage such enterprise is to secure for us fresh subscribers. Then the fact that IMVO is now largely patronised by Europeans in town and in the country should cause our Merchants not to hesitate to confidently have their advertisements in English also. Auctioneers, too, would do well now to give us a share of the valuable support they extend to other newspapers with their announcements; more especi- ally as the comprehensive circu- lation of the paper has but to be known to be appreciated.

THE POLITICAL SITUATION.

THE newspapers of the country are resounding with com- ments on the speeches of Messrs. INNES and MERRIMAN at Mowbray last week ; and there is no question that those important deliverances, of which we had the pleasure and honour to give as full and complete a telegraphic summary of any paper on this frontier, are being cloned an! crooned over by the public. This is as it ought to be. The seventeen members of the Cape Opposition are men of unsurpassed debating powers, as they comprise the best educated and talented men in Parliament. How, seeing that they are so well equipped and tower above every other party in speaking capabilities, they have thought silence the best policy, preferring it to educating the country by means of speeches—passes comprehension. However, the policy of silence is being abandoned with the gratify- ing result that the whole country is getting moved From various quarters a desire is being evinced to hear what these Ung headed men of the Opposition have to say, and MT.JMERRIMAN is being besieged with telegrams to extend his visit to the Midlands in opposite direc- tions. The members of Parliament should thus see that the people wish to be supplied with informa- tion as to how the affairs of the country should proceed. The men of other parties—the Bond and the conglomeration that is by courtesy called the Ministerial party—are deficient in speech, and have not the ability to indicate or pursue any other policy save that of masterly in- activity. It thus devolves upon the party in Opposition to do the speak- ing and to point out the way along which affairs should go Hence the avidity with which the Mowbray speeches have been seized by the Press. It would be presumption on our part to essay to comment on the>e addresses; it is sufficient to commend them and to express the hope that there may be one string of them until Parliament is called together; for it is in this’way only that the people of the country can be educated. We may only add that it has been a pleasure to us to read the portions of Mr. INNES’S and Mr. SAUER’S addresses in which they satirise Lord RIPON’S simple and absurd statement about the Glen Grey Act being found in Mr. RHODES’S second reading speech. As Mr. INNES has said, such a suggestion is unworthy of Her Majesty’s prin- cipal Secretary of State. What makes the political situation more hopeful is the fact that the Mowbray speeches are but the opening of the campaign. Mr. MERRIMAN having spoken at Cradock will be speaking again at Queenstown ; while later on Messrs. SAUER and JAMES MOL- TENO will address meetings at Bur- ghersdorp and Aliwal North. We note a new departure and a sign of political earnestness which bodes well for the future when a gentle- man like Mr. MOLTENO consents to appear at public meetings even though they may not be those of his constituents, and we write now to congratulate the country over the political awakening now apparent on the face of politics, and for which we have long watched and prayed.

KINGSTOWN ITEMS.

WIRTH’S colossal circus opened for a short season last night, and was well at- tended. The programme, a lengthy one, was gone through without a hitch, and the whole show reflects the greatest credit on the Wirth Bros.

THE market was well supplied this morning. Good brands of butter ruled higher. Fruit was in abundance and cheap. Potatoes are coming in in large quantities, and arc easing down in price. Generally, prices are satisfactory to buyers and sellers.

